

**IPLANI YESIFUNDO**

**ISIXHOSA (ULWIMI LWENKOBÉ)  
UMONGO:UMBONGO  
IXESHA: IIVEKI EZI-3**

**IBANGA LESIXHENXE**

<b>UMONGO PF NEE GH</b>	<b>INDIMA KATITSHALA</b>	<b>INDIMA YOMFUNDI</b>	<b>UHLOLO</b>
<p><b><u>PF 1UKUMAMELA</u></b> <b>GHI</b> Mamela nokuhlalutya izicatshulwa zomlomo, zentelekelelo, nezibalisayo(iingoma,amabali amafutshane)</p> <p><b>GH7</b> Chonga iimeko zokuxabiseka nezembali, zentlalo nenkcubeko kwisicatshulwa esikhethiweyo.</p>	<p><b><u>Intshayelelo</u></b> Utitshala ubhala ebhodini/konootsheluzo umxholo (theme) wombongo lowo aza kuwufundisa.Ubuza imibuzo kubafundi malunga nalo mxholo ezama ufumana ulwazi lwangaphambili lwabafundi .Oku kukhokelela kwingxoxo yeklasi.Utitshala ubhala isigama esitsha ebhodini.</p> <p><b><u>Inyathelo 1</u></b> Utitshala uthi andule ukucacisela abafundi malunga nombongo, isakhiwo sombongo, iimpawu zombongo, amagama asetyenzisiweyo nezigaba zentetho (figures of speech), umyalezo.Uqala ngokukhangela ulwazi lwabo malunga nombongo ngokuthi abuze imibuzo efana nale, xa ubonga ubonga ntoni? ngobani ababongwayo? Njl-njl</p> <p><b><u>Inyathelo 2</u></b> Utitshala ufundela abantwana umbongo aze abayalele ukuba bamamele ngononophelo.(Utitshala makakhethe umbongo onesingqisho kwaye ongemdanga).Utitshala uwufunda kabini lo mbongo.Uthi akuwugqiba ukuwufunda anike abafundi imibuzo malunga nombongo ukukhangela ukuba bebemamele na.Imibuzo mayibhekiselele kumongo wombongo(content)</p>	<p><b><u>Intshayelelo</u></b> Abafundi baphendula imibuzo bejula izimvo bebonisa ulwazi lwabo malunga nomxholo.</p> <p><b><u>Inyathelo 1</u></b> Abafundi baphendula imibuzo baze bandule ukuphula phula inkcazelo katitshala malunga nombongo.</p> <p><b><u>Inyathelo 2</u></b> Abafundi bamamela umbongo ngononophelo.Baphendula imibuzo abayikwe ngutitshala, elowo ubhala encwadini yakhe.</p>	<p>Ifomu:Ukujulwa kwezimvo IMethodi:Utitshala Izixhobo:Itsheklisti</p> <p>Ifomu:Imibuzo neempendulo IMethodi:Utitshala Izixhobo:Itsheklisti</p> <p>Ifomu:Ukumamela IMethodi:Utitshala Izixhobo:Itsheklisti</p>

<p><b><u>PF2 UKUTHETHA</u></b></p> <p><b>GH 5</b> Azisa ngobuciko obukwiqodo elithile nagokuyilayo uthathe ingqalelo ngo/kwi/ku-</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• cacisa okucacileyo nokuvakalayo</li> <li>• kunqumama</li> <li>• kwahluka kwisantya namandla</li> <li>• njongo nabaphulaphuli</li> <li>• simo nolwimi lomzimba</li> <li>• iyantlukwano kwimvumelwano yentlalo nekcubeko</li> <li>• zangotshe ezifanelekileyo ezifana nenkcaso- vutho ndaba</li> </ul>	<p><b><u>Inyathelo 3</u></b></p> <p>Utitshala wohlula abantwana ngokwamaqela aze anike iqela ngalinye umbongo.Uyawufunda kwakhona umbongo aze ayalele amaqela abafundi ukuba baxoxe malunga:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Namagama nezigaba zentetho (figures of speech)ezisetyenzisiweyo kulo mbongo</li> <li>• Umxholo wombongo</li> <li>• Yintoni injongo yokubhalwa kwalo mbongo</li> <li>• Nomyalezo wombongo</li> <li>• Mabanxulumanise umbongo nokwenzeka ebomini babo</li> </ul> <p>Utitshala uncedisa abafundi ngokuthi abanzele imibuzo(imibuzo leyo ekhuthaza ukuba abafundi bacinge nzulu) esisikhokelo.Uyalela iqela ngalinye ukuba lenze unikezelo(presentation) emveni kwengxoxo.</p>	<p><b><u>Inyathelo 3</u></b></p> <p>Abafundi bayaxoxa ngokwamaqela baze bonyule umfundi omnye ukuba enze unikezelo.</p>	<p>Ifomu:Ingxoxo IMethodi:Utitshala/Amaqela Izixhobo:Itsheklisti</p>
--	--	---	--

<p><b><u>PF3 UKUFUNDA NOKUBUKELA</u></b></p> <p><b>GH 1</b> Funda ngokuqhutywa ngumdlu kwaye kumaxa amaninzi efundela ulwazi nolonwabo iintlobo ezininzi zezicatshulwa ezikhethiweyo, achaze impendulo yakhe, kwaye axoxe ngeendidi zezicatshulwa azonwabelayo</p> <p><b>GH 5</b> chonga iintlobo ezahlukeneyo zezicatshulwa neempawu eziphambili kwaye acacise indlela isicatshulwa esicwangciswe ngayo (umz: imihobe, amanqaku ephepha-ndaba, iintengiso, amanqaku amafutshane emagazini).</p> <p><b>GH 8</b> phendula ngokunzulu kwizicatshulwa ngoku; -</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• chonga ingcamango yombhali;</li> <li>• chonga imiyalezo ecacileyo (okanye efihlakeleyo) kwizicatshulwa;</li> <li>• chonga umtsalane bucala ocacileyo okanye ukuqal'ugwebe.</li> </ul> <p><b>GH 10</b> chonga nokuxoxa imibandela yentlalo, yenkcubeko, yommandla nesesikweni ekwezicatshulwa( njengokuba ibhentsisiwe zizimo ezahlukeneyo zezicatshulwa ezifana nomxholo, ulwimi, imifanekiso nesimo sabalinganiswa</p>	<p><b><u>Inyathelo 6</u></b> Utiitshala uyalela abafundi ukuba bafunde umbongo ngokuvakalayo ngokwamaqela.Utiitshala uncedisa abafundi ngendlela yokufunda umbongo.</p> <p><b><u>Inyathelo 7</u></b> Utiitshala uyalela abafundi ukuba bafunde ngokuthe cwaka ze baphendule imibuzo ebhekiselele kumbongo ebebewufunda (imibuzo eqatha kunaleyo ebebanike yona kwinyathelo lesibini).</p>	<p><b><u>Inyathelo 6</u></b> Abafundi bafunda ngokuvakalayo ngokwamaqela bencediswa ngutiitshala.</p> <p><b><u>Inyathelo 7</u></b> Abafundi bafunda ngokuthe cwaka ze baphendula imibuzo ngabanye.</p>	<p>IFomu:Ukufunda IMethodi:Utiitshala Izixhobo:Irubriki</p> <p>IFomu:Ukubhala IMethodi:Utiitshala Izixhobo:Imemorandum</p>
--	---	--	--

<p><b>PF 4 UKUBHALA</b></p> <p><b>GH 1</b> Bhala izicatshulwa zentelekelelo, ngokuvakalisa iingcinga,iingcamango neemvakalelo kuye kwabanye ngokuphonononga ukusetyenziswa kolwimi ngokuyilayo, nangokudlalayo,ngezincoko ezibhaliweyo nezichazayo, iidayari,amaphepha,iileta zobuhlobo,iingxoxo,iikhathuni, imihobe neengoma</p> <p><b>GH 3</b> Bonisa ubuchule obusisiseko kwiimpawu ezikhethekileyo zokubhala ezifanelekileyo kuhlobo lwesicatshulwa ,umz: Ukuzinzisa indawo ekwenzeka kuyo ibali,nesakhiwo kokubaliswayo.lawula isingqisho nemvano zandi kwisihobe,sebenzisa ulwimi olulula kwinkcazelo ezilula aze abonise ulandelelwano lwenkqubo.</p> <p><b>GH 4</b> Sebenzisa inkqubo yokubhala ngentsebenziswano nangokuzimisela ukuvelisa izicatshulwa ngokucwangcisa iingcinga.</p>	<p><b><u>Inyathelo 8</u></b> Utitshala uyalela abafundi ngabanye ukuba bazibhalele eyabo imibongo besebenzisa ulwazi ebebelunikwe ngutiitshala malunga nokubhalwa kombongo besebenzisa izafobe,isimntwiso,imvanozandi njl-njl</p> <p><b><u>Inyathelo 9</u></b> Utitshala uyalela abafundi ukuba balandele inkqubo yokubhala.Okokuqala bavelisa uyilo lokuqala baze bandule ukwabelana nabanye abafundi ngombongo lowo ngokuthi bayifunde ngokuvakalayo.Balungisa iziphene ezinokuba zikhona bandule ukubhala uyilo lokugqibela.</p> <p><b><u>Inyathelo 10</u></b> Utitshala uyalela abafundi ukuba babacengceleze imibongo abazibhalele yona.</p>	<p><b><u>Inyathelo 8</u></b> Abafundi ngabanye babhala umbongo besebenzisa ulwazi abanalo ngezigaba zentetho ezisetyenziswayo xa ubhala umbongo.</p> <p><b><u>Inyathelo 9</u></b> Abafundi babhala uyilo lokuqala baze bandule ukwabelana nogxa babo ngokuthi bafunde imibongo yabo ngokuvakalayo. Balungisa iziphene ezinokuba zikhona bandule ukubhala uyilo lokugqibela.</p> <p><b><u>Inyathelo 10</u></b> Abafundi bacengceleza imibongo abazibhalele yona.</p>	<p>IFomu:Umbongo IMethodi:abafundi Izixhobo:Irubriki</p> <p>IFomu:Ukubhala IMethodi:Utitshala Izixhobo:Irubriki</p> <p>IFomu:Umbongo IMethodi:Utitshala/abafundi Izixhobo:Irubriki</p>
--	---	---	--

<p><b><u>PF 6 UKWAKHIWA NOKUSETYENZISWA KOLWIMI</u></b></p> <p><b>GH1-</b> Sebenza ngamagama ngo-uxoxa indlela iilwimi eziboleka ngayo amagama amatsha akhiwa ngayo aze awasebenzise ngokufanelekileyo</p> <p><b>GH2-Sebenza ngezivakalisi ngo:</b> uchonga nokusebenzisa izibizo Izimelabizo,izenzi,izichazi,izihlanagnisi,izikhuzo,izi fanekisozwi,izihlomelo Kusebenzisa iintlobo ngeentlobo zezenzi uhlobo lokuqondisa,lokuqhubeka,lolandelelwano,lokuyale la,lokukhankanya</p> <p><b>GH3-</b>Sebenza ngeziqatshulwa ngo: Kuguqula ukusetyenziswa kwesihloko ukuxhasa izivakalisi Kusebenzisa izihlanganisi ukwenza ulandelelwano lweengcinga eziqingqiweyo kumhlathi Kulandelanisa imihlathi ukudala izicatshulwa ezide</p>	<p><b><u>Inyathelo 11</u></b></p> <p>Utitshala uyalela abafundi ukuba babhale oko amagama amatsha (avela kumbongo) kunye neentsingiselo zawo kwizichazi magama zabo. Ubayalela ukuba bawasebenzise la magama kwizivakalisi.</p> <p><b><u>Inyathelo 12</u></b></p> <p>Utitshala kunye nabafundi bahlaziya izafobe esebenzisa umbongo.</p>	<p><b><u>Inyathelo 11</u></b></p> <p>Abafundi u babhala amagama amatsha neentsingiselo zawo kwizichazi magama. Bawasebenzisa la magama ukwakha izivakalisi.</p> <p><b><u>Inyathelo 12</u></b></p> <p>Abafundi bahlaziya izafobe kunye notitshala besenzisa umbongo.Bakhetha izafobe ze baxele udidi lwazo.</p>	<p>IFomu:Umsebenzi weklasi IMethodi:Utitshala/abafundi Izixhobo:Imemo</p>
<p><b>Izixhobo zokufundisa:</b>imibongo,iincwadi zokubhala,iincwadi zolwimi</p>			
<p><b>Sihambe njani isifundo:</b> Utitshala akuba egqibile ukufundisa makasijonge isifundo eso ukuze enze njengoko kufanelekile.</p>			
<p><b>Izithinteli kufundo:</b> Abafundi abangevayo mabacaciselwe ngutitshala banikwe ithuba elongezelelweyo, abanentloni ukuthetha eqeleni yiba nomonde ubangcambazise, abangakwazi ukufunda ngokuvakalayo makabakhuthaze utitshala bathethe ngokuvakalayo, abanengxaki zolwimi banikwa izixhobo ezinokuba ncedisa ekusetyenzisweni kolwimi.Abangakwazi ukubhala bancediswe.</p>			

**IPLANI YESIFUNDO**

**ISIXHOSA (ULWIMI LWENKOBÉ)  
UMONGO: EZIBONWAYO NEZIVIWAYO  
IBANGA LESIXHENXE  
IXESHA: IIVEKI EZI-3**

<b>UMONGO PF NEE GH</b>	<b>INDIMA KATITSHALA</b>	<b>INDIMA YOMFUNDI</b>	<b>UHQLOLO</b>
<p><b><u>PF 1 Ukumamela</u></b> <b>PF 1-UKUMAMELA.</b></p> <p>GH2 Mamela ngononophelo ulwazi nemiyalezo ephambili, aze aphenndule</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Ukuthatha amanqaku, ukushwankathela, ukugqithisa ulwazi</li> <li>• Ukubuza imibuzo ecela umngeni apho kuyimfuneko</li> </ul> <p>GH 3-Nakana iindlela izicatshulwa zomlomoezicwangciswa ngayo izixhobo ezisetyenziselwe nentetho enamandla ukudlala ngamachongwa ukusetyenziswa kweempembelelo zezandi</p>	<p><b><u>Intshayelelo</u></b></p> <p>Utitshala ubuza abafundi ngeendlela zonxibelelwano esithi sizisebenzise. Oku kukuzama ukufumana ulwazi lwabo lwangaphambili. Uthi abuze abafundi ngeendidi zamaphephandaba abawaziyo neenjongo zokubhalwa kwala maphephandaba.</p> <p><b><u>Inyathelo 1</u></b></p> <p>Utitshala ufundela abafundi isihloko sephephanda ze andule ukubuza imibuzo efana nale:</p> <p>Ucinga ukuba kuza kuthethwa ngantoni kweli nqaku?</p> <p>Ziintoni iinjongo zokubhalwa kweli nqaku?</p> <p>Ucinga ukuba eli nqaku libhalelwa ukutsala umdla wobani?</p> <p>Utitshala ubhala iimpendulo zabo esebenzisa imephu yengqondo.</p> <p><i><b>(qaphela-utitshala angakhethe inqaku elinokukhokelela kwingxoxo mpikiswano nelibhekiselele kwimeko yentlalo nenkcubeko (social and cultural issues)</b></i></p>	<p><b><u>Intshayelelo</u></b></p> <p>Abafundi bayaphendula bexela iindidi zonxibelelwano ezifana noomathotholo, umabonakude, amaphephandaba, iimfonomfono njl-njl</p> <p><b><u>Inyathelo 1</u></b></p> <p>Abafundi baphendula le mibuzo ngokwamaqela bebhala phantsi limpendulo zabo. Benza ingxelo ngeempendulo abafikelele kuzo.</p>	<p>IFomu: Imibuzo neempendulo IMethodi: Utitshala Izixhobo: Itsheklist</p> <p>IFomu: Ukumamela IMethodi: Utitshala Izixhobo: Itsheklist</p>

<p><b><u>PF 2 UKUTHETHA</u></b></p> <p>GH2 Azisa iingcinga, iingongoma ezinobunyaniso nengcamango ngokucacileyo kwaye ngobuciko obuthile nolandelelwano asebenzise iintlobo zezicatshulwa zomlomo ezinengongoma ezinobunyaniso ziceli mgeni esebenzisa iintlobo zezicatshulwa nolwimi ekuthetheni umz: ingxoxo ,intetho mpikiswano.</p> <p>GH3 Bonisa ubuchule obusisiseko kwiintlobo ezikhethiweyo zezicatshulwa zomlomo ngo</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• kwenza ulandelelwano ,lwemiyalelo yomlomo nenkcazelo</li> <li>• kuvelisa ingxoxo eziqiqiweyo</li> </ul> <p>-GH4 Bonisa ubuchule bentsebenziswano ngokuthatha inxaxheba kwiingxoxo zeqela</p> <p>-Avumele iingcamango zabanye</p> <p>-acacise iingcamango</p> <p>-amkele ugxeke</p> <p>-Avale izikhewu ngokubuza imibuzo</p> <p>-Abonise uvakalelo kumalungelo</p> <p>GH 5 Azisa ngobuciko obukwiqondo elithile</p> <p>GH 6 vavanya impumelelo yonxibelelwano lwakhe kwaye enze uphuculo.</p>	<p><b><u>Inyathelo 2</u></b></p> <p>Utitshala unika abafundi inqaku lephephandaba ukuba bafunde.Wohlula abafundi babe ngamaqela ukulungiselela ingxoxo.Unika abafundi imibuzo equlathe umongo wenqaku(content) kunye nemibuzo ekhokelela ekubeni abafundi ukuba bacinge nzulu.Okukuqala mabaxoxe ukuba ngowuphi owona mba uphambili uziswa ngumbhali wenqaku. Liqulathe ntoni eli nqaku?Yintoni isilumkiso kweli nqaku?Uchukunyiswe yintoni umbhali weli nqaku?. Mabaxoxe ngendlela yokubhalwa kwenqaku.Utitshala uyalela amalungu eqela ukuba athathe inxaxheba kunikezelo lwezimvo zeqela.Le ngxoxo ikhokelela kwiingxoxo mpikiswano.</p> <p><b><u>Inyathelo 3</u></b></p> <p>Utitshala uyalela abafundi ukuba balungiselele ingxoxo mpikiswano.Wohlula abafundi ukuba babe ngamaqela amabini.Ekunye nabafundi konyulwa usihlalo oza kulawula ingxoxo mpikiswano.Utitshala unika abafundi isihloko ekuza kuxoxwa ngaso aze anike abafundi ithuba elaneleyo lokulungiselela ingxoxo mpikiswano.(Umba ekuza kuxoxwa ngawo uxhomekeka kwinqaku elo alikhethileyo utitshala)</p>	<p><b><u>Inyathelo 2</u></b></p> <p>Abafundi baxoxa ngokwamaqela benika izimvo zabo ngenqaku.Elowo umfundi uthatha inxaxheba ekunikezeleni izimvo zeqela.</p> <p><b><u>Inyathelo 3</u></b></p> <p>Abafundi balungiselela ingxoxo mpikiswano.Bonyula abafundi abaza kubamela bengamaqela.Baqokelela ulwazi malunga nombala lowo baza kuxoxa ngawo.</p> <p>Qaphela:Amaqela alindeleke ukuba eze nezawo izisombululo kumba lowo ekuza kuxoxwa ngawo.</p>	<p>IFOMU:Ingxoxo</p> <p>METHODI:Utitshala</p> <p>Amaqela</p> <p>Izixhobo:Irubriki</p> <p>IFOMU:Ingxoxo mpikiswano</p> <p>METHODI:Utitshala</p> <p>Amaqela</p> <p>Izixhobo:Irubriki</p>
---	--	---	--

<p><b><u>PF3 UKUFUNDA NOKUBUKELA</u></b></p> <p>GH1 Funda ngokuqhutywa ngumdla kwaye efundela ulwazi nolonwabo</p> <p>GH2- Funda ngokuvakalayo nangoku the cwaka,kwinjongo ezahlukeneyo aze asebenzise ubuchule bokufunda</p> <p>Ngokukhawuleza nokukwaqula, ukuqikelela, ukuthelekelela.</p> <p>GH3 Chonga injongo, abaphulaphuli, nemeko yesicatshulwa.</p> <p>GH 4 Bonisa ingqiqo yezicatshulwangokwenza izigwebo nezigqibo ezikubungqina.</p> <p>GH5 Cacisa iindlela iimpawu eziphambili nocwangciso lentlobo ezinegalelo ngalo.umz: iphepha ndaba</p> <p>GH 7 Hlalutya iindlela ezisetyenziswa ekuyileni iimpembelelo zezicatshulwa ezibonwayo ,ezibhaliweyo nezosasazo</p> <p>-chaza ukhetho,nokubekwa kwemifanekiso,nefonti,nombala.</p> <p>GH 8 Xoxa ngengcamango nomyalezo.</p> <p>GH 9 Xoxa ngemibandela yenkcubeko,ummandla isimo</p>	<p><b><u>Inyathelo 4</u></b></p> <p>Utitshala uyalela abafundi ukuba bafunde inqaku lephepha ndaba ngokuvakalayo.Oku bakwenza bengamaqela.Uncedisa abafundi ngamagama anzima abangakwazi ukuwabiza.</p> <p><b><u>Inyathelo 5</u></b></p> <p>Utitshala uyalela abafundi ukuba bafunde ngokuthe cwaka baze babhale iingongoma eziphambili zenqaku Utitshala Unika abafundi ithuba lokufunda ngokukhawuleza ,ukukrwaqula inqaku bekhangelela iingongoma eziphambili.Ubayalela ukuba ezi ngongoma bazibhale kwimephu yengqondo.Ubayalela ukuba ukuba bathi bakugqiba bathelekise iingongoma abazibhalileyo nezo zogxa babo.Oku bakwenza ngababini.</p>	<p><b><u>Inyathelo 4</u></b></p> <p>Abafundi bafunda inqaku ngokuvakalayo ngokwamaqela bencediswa ngutitshala.</p> <p><b><u>Inyathelo 5</u></b></p> <p>Abafundi bafunda ngokuthe cwaka.Babhala iingongoma eziphambili ngenqaku kwimephu yengqondo. Bakugqiba bathelekise iingongoma abazibhalileyo nezo zogxa babo.Oku bakwenza ngababini.</p>	<p>IFOMU:Ukufunda</p> <p>METHODI:Utitshala</p> <p>Izixhobo:Irubriki</p> <p>IFOMU:Ukufunda</p> <p>METHODI:Utitshala</p> <p>Izixhobo:Irubriki</p>
--	--	--	---



<p><b><u>PF 4 UKUBHALA</u></b></p> <p>GH1 Bhala izicatshulwa ezininzi zentelekelelo ngoku vakalisa iingcinga nengcamango nemvakalelo kuye nakwabanye Phonononga ukusetyenziswa kolwimi ngokuyilayo kwisibhengezo, kwidayari, amaphepha, ikhathuni,</p> <p>Neengoma</p> <p>GH 2 Velisa izicatshulwa ezisebenzisa ushicilelo nemifanekiso kwizibhengezo, ingxelo zophando,, neencwadana, nezixeko ncomo.</p> <p>GH4 Sebenzisa inkqubo yokubhala ngentsebenziswano nangokuzimela ukuvelisa izihloko njl-njl.</p> <p>PF 5- UKUCINGA NOKUQIQA</p> <p>GH 1 Sebenzisa ulwimi ekucingeni, ekubuzeni imibuzo, ekuvakaliseni uluvo.</p> <p>GH 2 Sebenzisa ulwimi ekuphandeni</p> <p>GH 3 Lungisa ulwazi ngokuthatha amanqaku.</p> <p>GH 4 Cinga ngokuyilayo ebonisa uqikelelo, intsingiselo nokusombulula iingxaki ethelekelela okunokwenzeka, ecinga ngeyantlukwano.</p>	<p><b><u>Inyathelo 6</u></b></p> <p>Utitshala ufundisa abafundi ngendlela yokubhalwa kwedayari.</p> <p><b><u>Inyathelo 7</u></b></p> <p>Utitshala uyalela abafundi ukuba babhale idayari malunga nemvakalelo yabo malunga nenqaku elo bebelifunda. Mabanxulumanise oko kuqulathwe linqaku nezinto ezenzekayo ebomini babo okanye ekuhlaleni.</p> <p>Qaphela –Abafundi basenokwenza iposta malunga naloo mbandela uqulathwe kwi nqaku lephepha ndaba. Utitshala ulindeleke ukuba abafundise ngendlela yokwenziwa kweposta.</p>	<p><b><u>Inyathelo 6</u></b></p> <p>Abafundi baphula phule lo gama utitshala ebacacisela ngendlela yokubhalwa kwedayari</p> <p><b><u>Inyathelo 7</u></b></p> <p>Abafundi babhala idayari malunga nemvakalelo yabo ngenqaku elo bebelifunda. Banxulumanise oko kuqulathwe linqaku nezinto ezenzekayo ebomini babo okanye ekuhlaleni</p>	<p>IFOMU:Idayari</p> <p>METHODI:Utitshala</p> <p>Izixhobo:Irubriki</p>
---	---	--	--

<p><b><u>PF 6 UKWAKHIWA NOKUSETYENZISWA KOLWIMI</u></b></p> <p>GH1 Sebenza ngamagama ukuyila uluhlu lopelo,izifinyezo</p> <p>GH2 Sebenza ngezivakalisi ukuchonga izibizo, izimelabizo, izihlanganisa, izihlomelo.</p> <p>GH3 Sebenza ngezicatshulwa ukwenza izihlanganisi,imihlathi</p> <p>GH5 Khulisa ingqiqo enzulu yolwimi ngokuchonga intsingiselo</p> <p>-Ngokuchonga ulwimi olusetyenziselwa injongo ethile</p> <p>-Ngokusetyebenzisa amagama abonisa uvakalelo ngokwemibandela yobuhlanga.</p>	<p><b><u>Inyathelo 8</u></b></p> <p>Utitshala uyalela abafundi ukuba basebenzise amagama akwinqaku ukwenza izivakalisi ezitsha.Ubayalela ukuba babhale amagama amatsha neentsingiselo zawo kuluhlu lwabo lopelo.</p> <p><b><u>Inyathelo 9</u></b></p> <p>Utitshala unokusebenzisa inqaku ukulungiselela ukusebenza ngezibizo nezimelabizo.</p>	<p><b><u>Inyathelo 8</u></b></p> <p>Abafundi babhala izivakalisi besebenzisa amagama akwinqaku.babhala amagama amatsha neentsingiselo zawo kuluhlu lopelo.</p>	<p>IFOMU:Umsebenzi weklasi</p> <p>METHODI:Utitshala nabafundi</p> <p>Izixhobo:Imemorandm</p>
<p><b>Izixhobo zokufundisa:</b>Inqaku lephepha -ndaba,iincwadi zokubhala,iincwadi zolwimi</p>			
<p><b>Sihambe njani isifundo:</b> Utitshala akuba egqibile ukufundisa makasijonge isifundo eso ukuze enze njengoko kufanelekile.</p>			
<p><b>Izithinteli kufundo:</b> Abafundi abangevayo mabacaciselwe ngutitshala banikwe ithuba elongezelelweyo, abanentloni ukuthetha eqeleni yiba nomonde ubangcambazise, abangakwazi ukufunda ngokuvakalayo makabakhuthaze utitshala bathethe ngokuvakalayo, abanengxaki zolwimi banikwa izixhobo ezinokuba ncedisa ekusetyenzisweni kolwimi.Abangakwazi ukubhala bancediswe.</p>			



<p><b><u>PF 2 Ukuthetha</u></b></p> <p><b>GH 1</b> azisa iingcinga nezimvo ngokubonisayo nangokuzithemba, ngoncedo, asebenzise iintlobo zezicatshulwa zomlomo ezikhethiweyo (umz: amabali, iziqhulo, imidlalo).</p> <p><b>GH 4</b> bonisa ubuchule bentsebenziswano obusisiseko ngokuthatha inxaxheba ngokukhuthelayo kwiingxoxo zeqela, kwiincoko, kudliwano-ndlebe, kwiintetho-mpikiswano kwaye xa esenza oko:</p> <p>ahlasele imibandela ebalulekileyo (imibandela yentlalo nesesisikweni enxulumene nommandla namalungelo oluntu); amkele imisebenzi eyahlukeneyo; avumele ezinye iingcamango; acacise ingcamango yakhe; anike isigxeko-ncomo; avale izikhewu ngokubuza imibuzo, ngokunika ukhetho, ngokugcina iimpendulo zingagqitywanga; abonise uvakalelo kumalungelo neemvakalelo kwabanye; acele umngeni ekusetyenzisweni kolwimi olungenavakalelo okanye olucalulayo.</p>	<p><b><u>Inyathelo 3</u></b> Utishala unika abantwana izivakalisi ezishwankathela umdlalo.Uyazixuba ezi zivakalisi nezingenanto yakwenza nomdlalo ze andule ukubayalela ngabanye ukuba babhale zonke izivakalisi ezishwankathela umdlalo.</p> <p><b><u>Inyathelo 4</u></b> Emveni kokuba beshwankathele umdlalo utitshala ekunye nabafundi baxoxa ukuba leliphi iqela eliqikelele/thelekelele kakuhle ngeliya xesha utitshala ebebanike isihloko somdlalo.</p> <p><b><u>Inyathelo 5</u></b> Utitshala ukhokela ingxoxo malunga nabalinganiswa nezimo zabo.Uyalela abafundi ngokwamaqela ukuba bathelekise abalinganiswa bakhethe umlinganiswa abanqwenela ukuba nguye ze banike nezizathu zoko.Ubayalela ukuba banike nezizathu zokungabachongi abanye abalinganiswa.</p>	<p><b><u>Inyathelo 3</u></b> Abafundi babhala izivakalisi ezishwankathela umdlalo ngabanye.</p> <p><b><u>Inyathelo 4</u></b> Abafundi bekunye notitshala bayaxoxa bejonga elona qela liqikelele kakuhle</p> <p><b><u>Inyathelo 5</u></b> Abafundi baxoxa ngabalinganiswa lize ilelo iqela linike ingxelo.</p>	<p>IFomu :Ukumamela</p> <p>Methodi :Utitshala nabafundi</p> <p>Izixhobo:Imemoradam</p> <p>IFomu :Ingxoxo</p> <p>IMethodi :Abafundi</p> <p>Utitshala</p> <p>Izixhobo :Itshekhlisti</p> <p>IFomu :Ingxoxo</p> <p>IMethodi :Abafundi</p> <p>Utitshala</p> <p>Izixhobo :Itshekhlisti</p>
---	---	---	--

<p><b>GH 5</b> azisa ngobuciko obukwiqondo elithile nangokuyilayo, uthathele ingqalelo ngo/kwi/ku-kucacisa okucacileyo nokuvakalayo; kunqumama; kwahluka kwisantya namandla; njongo nabaphulaphuli; simo nolwimi lomzimba; yantlukwano kwimvumelwano yentlalo neyenkubeko; zangotshe ezifanelekileyo ezifana nenkcaso-vuthondaba</p>	<p><b><u>Inyathelo 6</u></b></p> <p>Utitshala wohlula abafundi babengamaqela ukulungiselela ukuinganisa umdlalo.Umfundi ngamnye unikwa indinyana aza kuyilinganisa.Utitshala uncedisa abafundi ngendlela efanelekileyo yokulinganisa umdlalo.Bavumelekile ukuba beze nesinxibo esifanelekileyo sokulinganisa umdlalo.</p> <p>Kuthathelwa ingqalelo oku kulandelayo: ukuthetha ngokuvakalayo, isimo, ulwimi lomzimba, izangotshe zokuthetha, umahluko wesantya kwintshukumo njl-njl.</p>	<p><b><u>Inyathelo 6</u></b></p> <p>Abafundi bazohlula babengamaqela ukulungiselela ukulinganisa umdlalo.Elowo umfundi ulungisa indinyana aza kuyilinganisa.Balungisa isinxibo nezinto abazakuzisebenzisa xa belinganisa.</p> <p>Bonke bathathela ingqalelo koku: ukuthetha ngokuvakalayo, isimo, ulwimi lomzimba, izangotshe zokuthetha, umahluko wesantya kwintshukumo, njl-njl.</p>	<p>IFomu :Ukudlalwa komdlalo</p> <p>IMethodi :Abafundi</p> <p>Utitshala</p> <p>Izixhobo :Irubriki</p>
--	---	--	---

<p><b><u>PF 3 Ukufunda Nokubukela</u></b></p> <p>GH 1 Funda ngokuqhutywa ngumdlal kwaye kumaxa amaninzi efundela ulwazi nolonwabo iintlobo ezininzi zezicatshulwa ezikhethiweyo, achaze impendulo yakhe, kwaye axoxe ngeendidi zezicatshulwa azonwabelayo</p> <p><b>GH 2</b> Funda ngokuvakalayo nangokuthe cwaka kwiiinjongo ezahlukeneyo aze asebenzise ubuchule bokufunda obahlukeneyo (umz: ukufunda ngokukhawuleza, ukukrwaqula, ukuqikelela, imikhondo ekwimeko, ukuthekelela).</p> <p>Kusebenzisa iintlobo zezenzi: uhlobo lokuqondisa, lokuqhubeka, lolandelelwano</p> <p><b>GH 5</b> chonga iintlobo ezahlukeneyo zezicatshulwa neempawu eziphambili kwaye acacise indlela isicatshulwa esicwangciswa ngayo (umz: imihobe, amanqaku ephepha-ndaba, iintengiso, amanqaku amafutshane emagazini).</p> <p><b>GH 6</b> bonisa ingqiqo yesicatshulwa, injongo yaso, ulwalamano kubomi babo ngokuxoxa isakhiwo, imixholo, abalinganiswa nendawo apho ibali lenzeka khona.</p> <p><b>GH 10</b> chonga nokuxoxa imibandela yentlalo, yenkcubeko, yommandla nesesikweni ekwezicatshulwa( njengokuba ibhentsisiwe zizimo ezahlukeneyo zezicatshulwa ezifana nomxholo, ulwimi, imifanekiso nesimo sabalinganiswa</p>	<p><u>Inyathelo 7</u></p> <p>Ututshala unika abafundi umdlalo ukulungiselela ukufunda.Uyafunda ngokuvakalayo baze abafundi bamamele ngononophelo beqwalasele kwimidlalo yabo.Baqaphela indlela utitshala afunda ngayo.</p> <p><u>Inyathelo 8</u></p> <p>Ututshala uyalela abafundi ukuba bafunde ngokwamaqela encedisa abo baneengxaki zokufunda.</p> <p><u>Inyathelo 9</u></p> <p>Ututshala wohlula abafundi ngokwamaqela ebelinganisa umdlalo.Unika umfundi ngamnye ithuba lokuba aye kulungiselela ukufunda (prepared reading) indinyana yomlinganiswa lowo ebemlinganisa.</p> <p><u>Inyathelo 10</u></p> <p>Ututshala uhlola indlela abafundi abafunda ngayo.Ukuqiniseka ukuba bayakulandela abakufundayo ubabuza imibuzo ebhekiselele kumongo womdlalo, indawo owenzeka kuyo umdlalo kunye nabalinganiswa.</p>	<p><u>Inyathelo 7</u></p> <p>Abafundi bamamela indlela utitshala afunda ngayo.</p> <p><u>Inyathelo 8</u></p> <p>Abafundi bafunda ngokwamaqela bencediswa ngutitshala</p> <p><u>Inyathelo 9</u></p> <p>Abafundi balungiselela ukufunda.</p> <p><u>Inyathelo 10</u></p> <p>Abafundi bafunda ngokwamaqela baze bandule ukuphendula imibuzo ebhekiselele kumxholo womdlalo, indawo owenzeka kuyo umdlalo kunye nabalinganiswa.</p>	<p>IFomu :Ukufunda</p> <p>IMethodi :Umfundi</p> <p>Ututshala</p> <p>Izixhobo:Irubriki</p> <p>IFomu:Ukufunda</p> <p>Imethodi:Ututshala umfundi</p> <p>Izixhobo :Irubriki</p>
--	---	--	--

<p><b><u>PF 4 Ukubhala</u></b></p> <p><b>GH 1</b> Bhala izicatshulwa zentelekelelo ezibhalwayo ezininzi ezikhethiweyo ngo-</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• kuvakalisa iingcinga, iingcamango neemvakalelo kuye nakwabanye.</li> </ul> <p><b>GH 3</b> bonisa ubuchule obusisiseko kwiimpawu ezikhethiweyo zokubhala ezifanelekileyo kuhlobo lwesicatshulwa (umz: zinzisa indawo ekwenzeka kuyo ibali, nesakhiwo kokubaliswayo, lawula isingqisho nemvano-zandi kwisihobe, sebenzisa ulwimi olulula kwiinkcazelo ezilula, aze abonise ulandelelwano kwinkqubo).</p> <p><b>GH 4</b> Sebenzisa inkqubo yokubhala ngoncedo nangentsebenziswano ukuvelisa izicatshulwa ngo-</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• kukhetha nokuphonononga isihloko ngokungqubanisa iintloko, esebenzisa iimaphu zengqondo nezintlu;</li> <li>• kusebenzisa ezinye izicatshulwa njengemizekelo yokubhala;</li> <li>• kuqulunqa nokuvelisa isihloko ngolwazi lomnye umnthombo;</li> <li>• kucwangcisa iingcinga ngokulandelelana ukuvelisa uyilo lokuqala;</li> </ul>	<p><u>Inyathelo 11</u></p> <p>Utitshala ufundisa abafundi indlela yokubhalwa kwentetho yababini (dialogue).Ukwenz aoku ngokuzekelisa ngomdlalo ebesele bewufundile abafundi.</p> <p><u>Inyathelo 12</u></p> <p>Utitshala unika abafundi imeko bume (scenario) aze ayalele abafundi ukuba babhale intetho yababini belandela amanqaku ebebewafundile; bethathela ingqalelo inkqubo yokubhala.</p>	<p><u>Inyathelo 11</u></p> <p>Abafundi bamamela ngononophelo indlela yokubhalwa kwentetho yababini.</p> <p><u>Inyathelo 12</u></p> <p>Abafundi babhala intetho yababini (dialogue) belandela amanqaku okubhala ebebewafundile.Bathathela ingqalelo inkqubo yokubhala beqala ngoyilo lokuqala, baluvavanye, baye kolwesibini baluvavanye, bandule ukuvelisa imveliso yokugqibela enokupapashwa.</p>	<p>IFomu: Intetho yababini</p> <p>IMethodi: Ngutitshala Nabafundi</p> <p>Izixhobo: Irubriki/itsheklisi</p>
---	--	--	--

<p><b><u>PF 5 Ukucinga Nokugqqa</u></b></p> <p><b>GH 1</b> sebenzisa ulwimi ekucingeni nasekuqineni ngo-kuthelekelela nokukhupha intsingiselo aze acacise iinjongo zombhali ngokutolika izicatshulwa ezibhaliweyo, ezibonwayo, nezivakalayo ngokuhlangene nekharityhulamu;</p> <p>kucacisa intsusa neziphumo;</p> <p>kuthelekisa izinto ezinyuliweyo ngokugqiba ukuba yiyiphi indlela engcono kunenye kwezi zimbini;</p>	<p>QAPHELA UKUBA ESI SIPHUMO SESIFUNDO SESIHLANU SISEBENZA KUYO YONKE IMISEBENZI KUBA USEBENZISA UKUCINGA XA SIBHALA, SITHETHA ,SIMAMELE NAXA SIFUNDA</p>		
<p><b><u>PF 6 Usetyenziso Lolwimi</u></b></p> <p><b>GH 1</b> Kusebenzisa ubuchule obahlukeneyo bokupela amagama angaqhelekanga;</p> <p>Kuyila uluhlu lwakhe lopelo nesichazi-magama samagama ngokuhlangene nekharityhulam;</p> <p><b>GH 2</b> sebenza ngezivakalisi ngo:</p> <p>Kuchonga nokusebenzisa izibizo, izimelabizo, izenzi, izichazi, izihlanganisi, izikhuzo, izifanekisozwi, izihlomelo. Kusebenzisa iintlobo zezenzi uhlobo lokuqondisa, lokuqhubeka, lolandelelwano, lokuyalela, lokukhankanya</p>	<p><u>Inyathelo 13</u></p> <p>Utitshala uthi mabachonge izigaba zentetho ezifumaneka kulo mdlalo bandule ukuzichaza bezicacisa ngokunika intsingiselo echanekileyo.</p>	<p><u>Inyathelo 13</u></p> <p>Abafundi bachonga izigaba zentetho ezifumaneka kulo mdlalo, umz; isihlanganisi, izenzi, izibizo, izithethantonye, izaci namaqhalo, izafobe njl-njl.</p>	<p>IFomu: Umsebenzi weklasi</p> <p>IMethodi:Utitshala nomfundi</p> <p>Izixhobo :Impendulo ezilungisiweyo (imemo)</p>



<p><b>GH 3</b> sebenza ngezicatshulwa ngo:</p> <p>kuguqula ukusetyenziswa kwesihloko nokuxhasa izivakalisi (umz: ukubeka isihloko sesivakalisi ekugqibeleni) ukudala ulandelelwano kwimihlathi; kusebenzisa izihlanganisi ukwenza ulandelelwano lweengcinga eziqiyweyo kumhlathi; kulandelelanisa imihlathi ngokufanelekileyo ukudala zicatshulwa ezide.</p> <p><b>GH 4</b> phuhlisa ingqiqo nokusetyenziswa kwesimbo sokubhala ngo;-kusebenzisa ubude neentlobo ezahlukeneyo zesivakalisi;kwahlula phakathi kolwimi olusesikweni nollungekho sikweni;kusebenzisa izangotshe zolwimi nesimbo sokuthetha;</p> <p><b>GH 5</b> khulisa ingqiqo enzulu yolwimi ngo;- kuchonga izicatshulwa apho ulwimi lungathethi oko kuthethwayo achonge intsingiselo ekubhekiswe kuyo; kuchonga ulwimi olusetyenziselwa injongo ethile; kuchonga nokusebenzisa amagama abonisa uvakalelo kwimibandela ephathelele kwisini, kubulunga, kummandla, kwimpilo, kwintlalo nakwincubeko.</p>	<p><b><u>ISIPHELO</u></b></p> <p>Utitshala uthi mabashwankathele umdlalo abawufundileyo ngokwamaqela ngolu hlobo:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Intshayelelo</li> <li>• Isiqu</li> <li>• Isiphelo</li> <li>• Imfundiso/umyalezo</li> <li>• Umbandela ophambili ovakaliswa ngumbhali</li> </ul>	<p><b><u>ISIPHELO</u></b></p> <p>Abafundi bashwankathela umdlalo ngokwamaqela abawufundileyo belandela iingongoma abazinikwe ngutitshala</p>	<p>IFomu: Ushwankathelo</p> <p>IMethod:iUtitshala Nomfundi</p> <p>Izixhobo :Irubriki</p>
<p><b>Izixhobo:</b> incwadi zokubhalela, iincwadi zemidlalo.</p>			
<p><b>Sihambe njani isifundo:</b> Utitshala akuba egqibile ukufundisa makasijonge isifundo eso ukuze enze njengoko kufanelekile.</p>			
<p><b>Izithinteli kufunda:</b> Abafundi abangevayo mabasondezwe kunomathotholo, bacaciselwe ngutitshala banikwe ithuba elongezelelweyo, abanentloni ukuthetha eqeleni yiba nomonde ubangcambazise, abangakwazi ukufunda ngokuvakalayo makabakhuthaze utitshala bathethe ngokuvakalayo, abanengxaki zolwimi banikwa izixhobo ezinokuba ncedisa ukusetyenzisweni kolwimi.Abangakwazi ukushwankathela bancediswe.</p>			

IPLANI YESIFUNDO			
ISIXHOSA (ULWIMI LWENKOBÉ) UMONGO:UMBONGO IXESHA: IIVEKI EZI-3		IBANGA LESIBHOZO	
UMONGO PF NEE GH	INDIMA KATITSHALA	INDIMA YOMFUNDI	UHLOLO
<p><b><u>PF 1 Ukumamela</u></b></p> <p><b>GH 1</b> Mamela nokuhlalutya izicatshulwa zomlomo zentelekelelo, nezinezinika ulwazi ezicela umngeni, (umz: imhobe, izibongo, amabali amabini okanye amathathu anembali yesehlo, imidlalo yeradiyo, intetho ezimfutshane, izazizi zeradiyo nengxoxo).</p> <p><b>GH 5</b> chonga izizathu zezithethi zokuchonga amagama athile, amabinza nezivakalisi eziphembelela umphulaphuli, aze acacise neempembelelo zazo (umz: ulwimi lucengayo, kwahlula phakathi kwenyaniso nengcinga, kuchonga ingcinga yesithethi, kunakana umtsalane bucala nokuqal'ugwebe).</p>	<p><b><u>Intshayelelo</u></b></p> <p>Utitshala ubhala ebhodini umxholo (theme) wombongo lowo aza kuwufundisa.Ubuza imibuzo kubafundi malunga nalo mxholo ezama ufumana ulwazi lwangaphambili lwabafundi .Oku kukhokelela kwingxoxo yeklasi.Utitshala ubhala isigama esitsha ebhodini esinxulumene nombongo.</p> <p><b><u>Inyathelo 1</u></b></p> <p>Uhlaziya iimpawu zombongo ngokuthi ababuze imibuzo esebenzisa umbongo. Utitshala uthi andule ukucacisela abafundi malunga nombongo, isakhiwo sombongo, iimpawu zombongo, amagama asetyenzisiweyo nezigaba zentetho (figures of speech), umyalezo.</p> <p><b><u>Inyathelo 2</u></b></p> <p>Utitshala ubaxelela iindidi zemibongo neempawu zayo umz. Isonethi inemigca eli-14.Umbongo mbaliso ubalisa ibali.Unentshayelo, isiqu nesiphelo.Ilirikhi, apho imbongi ivakalisa iingcinga nezimvo zayo ngomba/umcimbi othile.Isililo apho imbongi ivakalisa usizi lwayo, ngumhobe wokufa umz ukuzika kukaMendi.Umhobe wanamhla wokubonga apho imbongi ibonga loo nto okanye loo mntu imbonayo.(Utitshala makababonise imizekelo yale mibongo)</p>	<p><b><u>Intshayelelo</u></b> Abafundi baphendula imibuzo bejula izimvo bebonisa ulwazi lwabo malunga nomxholo.</p> <p><b><u>Inyathelo 1</u></b> Abafundi baphendula imibuzo baze bandule ukuphula phula inkcazelo katitshala malunga nombongo.</p> <p><b><u>Inyathelo 2</u></b> Abafundi baphulaphule bethatha amanqaku.</p>	<p>Ifomu:Ukujulwa kwezimvo IMethodi:Utitshala Izixhobo:Itsheklisti</p> <p>Ifomu:Imibuzo neempendulo IMethodi:Utitshala Izixhobo:Itsheklisti</p>

<p><b><u>PF 2 Ukuthetha</u></b></p> <p><b>GH 5</b> Azisa ngobuciko obukwiqodo elithile nagokuyilayo ethathele ingqalelo ngo/kwi/ku-</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>•                   kucacisa okucacileyo nokuvakalayo</li> <li>•                   kunqumama</li> <li>•                   kwahluka kwisantya namandla</li> <li>•                   njongo nabaphulaphuli</li> <li>•                   simo nolwimi lomzimba</li> <li>•                   iyantlukwano yeendlela</li> <li>•                   zokwazisa</li> <li>•                   lwimi oluthethwa ngabantu</li> <li>•                   abathile</li> <li>•                   mvakalozwi</li> <li>•                   mvumelwano yentlalo</li> <li>•                   nenkcubeko</li> <li>•                   zangotshe ezifanelekileyo ezifana nenkcaso- vutho ndaba nobabazo(impembelelo yogqithiso)</li> </ul>	<p><b><u>Inyathelo 3</u></b></p> <p>Utitshala ufundela abantwana umbongo aze abayalele ukuba bamamele ngononophelo.(Utitshala makakhethe umbongo ubemnye kweziya ndidi zibalulwe ngasentla).Utitshala uwufunda kabini lo mbongo.Uthi akuwugqiba ukuwufunda anike abafundi imibuzo malunga nombongo ukukhangela ukuba bebemamele na.Imibuzo mayibhekiselele kumongo wombongo(content)</p> <p><b><u>Inyathelo 4</u></b></p> <p>Utitshala wohlula abafundi babe ngamaqela amahlanu ngokwendidi zemibongo.Ilelo iqela lichonga udidi lombongo ze baxoxe behlalutya umbongo lowo ngokwezi ngongoma</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Isakhiwo</li> <li>• Umongo</li> <li>• Imo yembongi</li> <li>• Ukusetyenziswa kwamagama</li> <li>• Imfundiso/umyalezo</li> </ul> <p>Ubayalela ukuba babhale phantsi zonke iimpendulo zabo ukuze xa begqibe ukunikezela ingxoxo yabo ilelo iqela lenzelwe ikopi zeendidi zontlanu zemibongo. (Utitshala makabanike ithuba lokuzilungiselela elaneleyo abafundi)</p>	<p><b><u>Inyathelo 3</u></b></p> <p>Abafundi bamamela umbongo ze baphendula imibuzo elowo ebhala encwadini yakhe.</p> <p><b><u>Inyathelo 4</u></b></p> <p>Abafundi baxoxa bengamaqela ngombongo lowo bawukhethileyo bekhupha</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Isakhiwo</li> <li>• Umongo</li> <li>• Imo yembongi</li> <li>• Ukusetyenziswa kwamagama</li> <li>• Imfundiso/umyalezo</li> </ul> <p>Bakugqiba iqela ngalinye linikezela ingxoxo.</p>	<p>Ifomu:Ukumamela IMethodi:Utitshala Izixhobo:Itsheklisti</p> <p>Ifomu:Ingxoxo IMethodi:Utitshala Izixhobo:Itsheklisti/irubriki</p>
--	--	---	--

<p><b>PF 3 Ukufunda Nokubukela</b></p> <p><b>GH 1</b> Funda ngokuqhutywa ngumdlu kwaye kumaxa amaninzi efundela ulwazi nolonwabo iintlobo ezininzi zezicatshulwa ezifundiweyo, axoxe impendulo yakhe, neendidi zezicatshulwa azonwabelayo kwaye acebise abanye ngezicatshulwa</p> <p><b>GH 5</b> cacisa iimpawu eziphambili nogcwanciso lweentlobo ezahlukeneyo zezicatshulwa ezinegalalo ngayo ekusebenziseni</p> <p>kwesicatshulwa (umz: imihobe, iinoveli ezimfutshane, amanqaku ephepha-ndaba, iileta, iibhaladi, izigxeko-ncomo zeencwadi).</p> <p><b>GH 8</b> phendula ngokunzulu kwizicatshulwa ngoku; -</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• xoxa ngengcamango yombhali;</li> <li>• xoxa ngemiyalezo ecacileyo (okanye efihlakeleyo) kwisicatshulwa nangomtsalane bucala/ukuqalugwebe</li> <li>• xoxa ukuba umxholo uwuphembelela njani umyalezo</li> <li>• chonga okushiyelelo kwisicatshulwa aze axoxe ukuba kungani kushiyelelo</li> <li>• buza ukuba uyavumelana nemiyalezo ekwisicatshulwa</li> </ul>	<p><b><u>Inyathelo 5</u></b> Utiitshala uyalela abafundi ukuba bafunde umbongo ngokuvakalayo ngokwamaqela. Utiitshala uncedisa abafundi ngendlela yokufunda umbongo.</p> <p><b><u>Inyathelo 6</u></b> Utiitshala uyalela abafundi ukuba bafunde ngokuthe cwaka ze baphendule imibuzo ebhekiselele kumbongo ebebewufunda (imibuzo eqatha kunaleyo ebebanike yona kwinyathelo lesibini). Imibuzo ngomongo wombongo kunye naleyo inyanzelisa abafundi ukuba bacinge nzulu.</p> <p><b><u>Inyathelo 7</u></b> Emveni kokuba abafundi begqibile ukubhala makuxoxwe ngemibuzo neempendulo ezinikwe ngabafundi.</p>	<p><b><u>Inyathelo 5</u></b> Abafundi bafunda ngokuvakalayo ngokwamaqela bencediswa ngutiitshala.</p> <p><b><u>Inyathelo 6</u></b> Abafundi bafunda ngokuthe cwaka ze baphendula imibuzo ngabanye.</p> <p><b><u>Inyathelo 7</u></b> Abafundi baxoxa ngeempendulo zabo bakube begqibile ukubhala.</p>	<p>IFomu:Ukufunda IMethodi:Utiitshala Izixhobo:Itsheklisti/irubriki</p> <p>IFomu:Ukubhala IMethodi:Utiitshala Izixhobo:Imemo</p> <p>IFomu:Ingxoxo yeklasi IMethodi:Utiitshala Izixhobo:Itsheklisti</p>
--	---	--	--

<p><b><u>PF 4 Ukubhala</u></b></p> <p><b>GH 1</b> Bhala izicatshulwa ezininzi zentelekelelo ngo-</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Kuvakalisa iingcinga, iingcamango neemvakalelo kuye nakwabanye.</li> <li>• Kuphonononga ukusetyenziswa kolwimi ngokuyilayo nangokudlalayo, ngezincoko ezibalisayo nezichazayo, iidayari, amaphepha, iileta zobuhlobo, iingxoxo, iikhathuni, imihobe, neengoma</li> </ul> <p><b>GH 3</b> bonisa ubuchule obusisiseko kwiimpawu ezininzi zokubhala ezifanelekileyo kuhlobo lwesicatshulwa (umz: ukutyhila abalinganiswa, ukuzinzisa indawo ekwenzeka kuyo ibali, ukukhulisa isakhiwo kubhalo olubalisayo noluchazayo, esebenzisa imifanekiso-ntelekelelo elula kwisihobe.</p>	<p><u>Inyathelo 8</u></p> <p>Utitshala unika abafundi umbongo ukulungiselela ukufunda ngababini(angakhetha nokuba loluphi uhlobo lombongo kuleyo ikhankanywe ngasentla)).Ubayalela ukuba bathi bakugqiba ukufunda umbongo bawuhlalutye ngababibini beqwalasela:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• isigama esisetyenzisiweyo</li> <li>• imfanozandi</li> <li>• imvano ziqalo</li> <li>• imvano ziphelelo</li> <li>• izafobe</li> <li>• izaci namaqhalo</li> <li>• umongo wombongo</li> <li>• Mabawushwankathele ungagqithi kwimihlathi emibini besebenzisa esabo isigama bebonisa ukuwuqonda.Imihlathi mayithungelane, ihambelane nesihloko abasinikiweyo.</li> </ul>	<p><u>Inyathelo 8</u></p> <p>Abafundi bafunda umbongo baze bawuhlalutye besebenzisa iingongoma abazinikiweyo.</p>	<p>IFomu:Ukushwanakathela IMethodi:Utitshala Izixhobo:Itsheklisi/irubriki</p>
---	---	---	---

<p><b><u>PF 6 Usetyenziso Lolwimi</u></b></p> <p><b>GH 1</b> sebenza ngamagama ngo-</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Kusebenzisa ubuchule obahlukeneyo bokupela amagama angaqhelekanga;</li> <li>• Kuyila uluhlu lwakhe lopelo nesichazi-magama samagama ngokudibene ngokwekharithulamu aze axoxe ngamagama anika ingxaki</li> <li>• Kusebenzisa isichazi-magama nencwadi eyingqokelela yamagama ngobuchule ukuphanda isigama nopelo</li> </ul> <p><b>; GH 2</b> sebenza ngezivakalisi ngo:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Kuchonga nokusebenzisa izibizo, izimelabizo, izenzi, izichazi, izihlanganisi, izikhuzo, izifanekisozwi, izihlomelo</li> <li>• Kusebenzisa nokuhlalutya iintlobo zezenzi: uhlobo lokuqondisa, lokuqhubeka, lolandelelwano, lokuyalela, lokukhankanya</li> </ul>	<p><b><u>Inyathelo 9</u></b></p> <p>Utitshala uyalela abafundi ukuba babhale onke amagama amatsha (avela kwimibongo) kunye neentsingiselo zawo kwizichazi magama zabo. Ubayalela ukuba bawasebenzise la magama kwizivakalisi.</p> <p><b><u>Inyathelo 10</u></b></p> <p>Utitshala kunye nabafundi bahlaziya izafobe nezaci namaqhalo esebenzisa umbongo.</p>	<p><b><u>Inyathelo 9</u></b></p> <p>Abafundi u babhala amagama amatsha neentsingiselo zawo kwizichazi magama. Bawasebenzisa la magama ukwakha izivakalisi.</p> <p><b><u>Inyathelo 10</u></b></p> <p>Abafundi bahlaziya izafobe nezaci namaqhalo kunye notitshala besenzisa umbongo.</p>	<p>IFomu:umsebenzi weklaSI IMethodi:Utitshala Izixhobo:Imemo</p> <p>IFomu:umsebenzi weklaSI IMethodi:Utitshala Izixhobo:Imemo</p>
<p><b>Izixhobo:</b> incwadi zokubhalela, iincwadi zemibongo</p>			
<p><b>Sihambe njani isifundo:</b> Utitshala akuba egqibile ukufundisa maka sijonge isifundo eso ukuze enze njengoko kufanelekile</p>			
<p><b>Izithinteli kufunda:</b> Abafundi abangevayo mabasondezwe kunomathotholo, bacaciselwe ngutitshala banikwe ithuba elongezelelweyo, abanentloni ukuthetha eqeleni yiba nomonde ubangcambazise, abangakwazi ukufunda ngokuvakalayo makabakhuthaze utitshala bathethe ngokuvakalayo, abanengxaki zolwimi banikwa izixhobo ezinokuba ncedisa ekusetyenzisweni kolwimi.Abangakwazi ukushwankathela bancediswe.</p>			

**IPLANI YESIFUNDO**

**ISIXHOSA (ULWIMI LWENKOBÉ)**  
**UMONGO:UMDLALO**  
**IXESHA: IIVEKI EZI-3**

**IBANGA LESIBHOZO**

<b>UMONGO PF NEE GH</b>	<b>INDIMA KATITSHALA</b>	<b>INDIMA YOMFUNDI</b>	<b>UHLOLO</b>
<p><b>PF 1 Ukumamela</b>  <b>GH 1</b> Mamela nokuhlalutya izicatshulwa zomlomo zentelekelelo, nezinika ulwazi ezinokuntsonkotha okwahlukeneyo, (umz: imihobe, izibongo, amabali amabini okanye amathathu anembali yesehlo, imidlalo yerediyo, intetho ezimfutshane, izazisi zeradiyo, nengxoxo).</p> <p><b>GH 4</b> chonga nokutolika ngokufanelekileyo ukusetyenziswa kobuchule bokungabiko kwelizwi (umz: ukudibana kwamehlo, ulwimi lomzimba).</p> <p><b>GH 6</b> nakana nokwamkela iintlobo ntlobo zolwimi ezahlukeneyo njengezicinezelo ezahlukeneyo, ulwimi lwezizalwana nokuxoxa ulwimi olusetyenziswa ngamaqela abudala obahlukeneyo (kwintetho engekho sesikweni/ engaphucukanga).</p>	<p><b><u>Intshayelelo</u></b></p> <p>Utitshala ubhala ebhodini umxholo (theme) womdlalo lowo aza kuwufundisa.Ubuza imibuzo kubafundi malunga nalo mxholo ezama ufumana ulwazi lwangaphambili lwabafundi .Oku kukhokelela kwingxoxo yeklasi.Utitshala ubhala isigama esitsha ebhodini esinxulumene nomdlalo.</p> <p><b><u>Inyathelo 1</u></b></p> <p>Utishala ucacisa kabanzi ngomdlalo malunga nesakhiwo, abalinganiswa nendlela ababunjwe ngayo,umxholo impixano, isimo sentlalo.</p> <p><b><u>Inyathelo 2</u></b></p> <p>Utitshala ufunda umdlalo aze ayalele ukuba abafundi baphulaphule.Ukuba umdlalo mde usenokucaphula indawana ethile ayifunde.Uyalela ukuba abafundi babhale phantsi ingongoma eziphambili (main points) besebenzisa imephu yengqondo.</p>	<p><b><u>Intshayelelo</u></b></p> <p>Abafundi baphendula imibuzo bejula izimvo bebonisa ulwazi lwabo malunga nomxholo.</p> <p><b><u>Inyathelo 1</u></b></p> <p>Abafundi bamamela ngononophelo bethatha amanqaku.</p> <p><b><u>Inyathelo 2</u></b></p> <p>Abafundi bamamele ze babhale phantsi iingongoma eziphambili besebenzisa imephu yengqondo</p>	<p>IFomu:Ukujulwa kwezimvo  IMethodi:Utitshala  Izixhobo:Itsheklist</p> <p>IFomu:Ukumamela  IMethodi:Utitshala  Izixhobo:Itsheklist</p>

<p><b><u>PF 2 Ukuthetha</u></b></p> <p><b>GH 1</b> azisa iingcinga nezimvo ngokuyilayo nangokuzithemba okukwiqondo elithile nangoncedo olunyiniweyo, asebenzise iintlobo zezicatshulwa zomlomo ezikhethiweyo (umz: amabali, imidlalwana, iingoma).</p> <p><b>GH 4</b> bonisa ubuchule bentsebenziswano obusisiseko ngokuthatha inxaxheba ngokukhuthelayo kwiingxoxo zeqela, kwiincoko, kwiintetho-mpikiswano, kuphando lweqela kwaye xa esenza oko: kwaye xa esenza oko:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• ahlasele imibandela ebalulekileyo (</li> <li>• abuze imibuzo efanelekileyo</li> <li>• amkele imisebenzi eyahlukeneyo;</li> <li>• avumele ezinye iingcamango;</li> <li>• acacise ingcamango yakhe;</li> <li>• anike isigxeko-ncomo;</li> <li>• avale izikhewu ngokubuzo imibuzo, ngokunika ukhetho, ngokugcina iimpendulo zingagqitywanga;</li> </ul> <p>GH 5 azisa ngobuciko obukwiqondo elithile nangokuyilayo, uthathele ingqalelo ngo/kwi/ku-</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• kunqumama;</li> <li>• kwahluka kwisantya namandla;</li> <li>• njongo nabaphulaphuli;</li> <li>• simo nolwimi lomzimba;</li> <li>• mvakalozwi</li> </ul> <p>GH 6 chonga nokuxoxa iimpawu ezinegalelo kwimpumelelo yonxibelelwano lwakhe.</p>	<p><b><u>Inyathelo 3</u></b></p> <p>Utitshala wohlula abantwana babe ngamaqela. Ubayalela ukuba mahambele ithala leencwadi ukuze bakhethe incwadi yomdlalo ibenye (bangasebenzisa abanazo apha esikolweni). Ubayalela ukuba basebenzise ulwazi ebebenikwe ngutitshala malunga nesakhiwo somdlalo babonise amanqanaba amane :</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Isiqalo</li> <li>• Ukujiya kweziganeko</li> <li>• Uvutho-ndaba</li> <li>• Isisombululo</li> </ul> <p><b><u>Inyathelo 4</u></b></p> <p>Utitshala uyalela abafundi ukuba balungiselele ingxoxo malunga nesakhiwo somdlalo. Ilelo iqela linikezela isakhiwo sedrama esilikhethileyo. Ukhuthaza abanye abafundi ukuba babuze imibuzo kwiqela elo linikezelayo neqela elo likulungele ukuphendula imibuzo.</p>	<p><b><u>Inyathelo 3</u></b></p> <p>Abafundi ngokwamaqela bahambela ithala leencwadi ukuze bakhethe iincwadi zomdlalo ukuze babonise amanqanaba omdlalo ukulungiselela ingxoxo zamaqela.</p> <p><b><u>Inyathelo 4</u></b></p> <p>Abafundi bayanikezela bexoxa ngesakhiwo somdlalo.</p>	<p>IFomu: Ingxoxo yamaqela IMethodi: Utitshala Izixhobo: Itsheklisi/irubriki</p>
---	---	--	--



<p><b><u>PF 3 Ukufunda Nokubukela</u></b></p> <p>GH 1 Funda ngokuqhutywa ngumdlal kwaye kumaxa amaninzi efundela ulwazi nolonwabo iintlobo ezininzi zezicatshulwa ezikhethiweyo, axoxe impendulo yakhe, kwaye acebase ngeendidi zezicatshulwa azonwabelayo</p> <p>GH 2 Funda ngokuvakalayo nangokuthe cwaka kwiinjongo ezahlukeneyo aze adibanise ubuchule bokufunda obufanelekileyo obukhuliswe kumabanga angaphambili.</p> <p>GH 5 cacusa indlela iimpawu eziphambili nocwangciso lweentlobo ezahlukeneyo zezicatshulwa ezinegalelo ngayo ekusebenziseni kwesicatshulwa (umz.: imihobe, iinovele ezimfutshane, amanqaku ephaphandaba, iileta, iibhaladi, izigxeko-ncomo zeencwadi)</p> <p>GH 6 bonisa ingqiqo yesicatshulwa, injongo yaso, ulwalamano kubomi babo ngokuxoxa isakhiwo, imixholo, ukuxabiseka, abalinganiswa nendawo apho ibali lenzeka khona.</p>	<p><u>Inyathelo 5</u></p> <p>Utitshala unika abafundi umdlalo ukulungiselela ukufunda.Uyafunda ngokuvakalayo baze abafundi bamamele ngononophelo beqwalasele kwimidlalo yabo.Baqaphela indlela utitshala afunda ngayo.</p> <p><u>Inyathelo 6</u></p> <p>Utitshala uyalela abafundi ukuba bafunde ngokwamaqela encedisa abo baneengxaki zokufunda ukulungiselela uhlolo.</p> <p><u>Inyathelo 7</u></p> <p>Utitshala wohlula abafundi ngokwamaqela Unika umfundi ngamnye ithuba lokuba aye kulungiselela ukufunda (prepared reading) indinyana yomlinganiswa lowo amkhethileyo.</p> <p><u>Inyathelo 8</u></p> <p>Utitshala uhlola indlela abafundi abafunda ngayo.Ukuqiniseka ukuba bayakulandela abakufundayo ubabuza imibuzo ebhekiselele kumongo womdlalo.</p>	<p><u>Inyathelo 5</u></p> <p>Abafundi bamamela indlela utitshala afunda ngayo.</p> <p><u>Inyathelo 6</u></p> <p>Abafundi bafunda ngokwamaqela bencediswa ngutitshala.</p> <p><u>Inyathelo 7</u></p> <p>Abafundi balungiselela ukufunda.</p> <p><u>Inyathelo 8</u></p> <p>Abafundi bafunda ngokwamaqela baze bandule ukuphendula imibuzo ebhekiselele kumxholo womdlalo.</p>	<p>IFomu :Ukufunda</p> <p>IMethodi :Umfundi</p> <p>Utitshala</p> <p>Izixhobo:Irubriki</p> <p>IFomu:Ukufunda</p> <p>Imethodi:Utitshala</p> <p>umfundi</p> <p>Izixhobo :Irubriki</p>
--	---	---	--

<p><b><u>PF 4 Ukubhala</u></b></p> <p><b>GH 1</b> Bhala izicatshulwa ezininzi zentelekelelo ngo:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• kuvakalisa iingcinga, iingcamango neemvakalelo kuye nakwabanye.</li> <li>• Kuphonononga ukusetyenziswa kolwimi ngokuyilayo nangokudlalayo, ngezincoko ezibalisayo nesichazayo, iidayari, amaphepha, iileta zobuhlobo, iingxoxo, iikhathuni, imihobe, neengoma</li> </ul> <p><b>GH 3</b> bonisa ubuchule obusisiseko kwiimpawu ezininzi zokubhala ezifanelekileyo kuhlobo lwesicatshulwa (umz: ukutyhila abalinganiswa, ukuzinzisa indawo ekwenzeka kuyo ibali, ukukhulisa isakhiwo kubhalo olubaliso noluchazayo, esebenzisa imifanekiso-ntekelelo elula kwisihobe.</p> <p><b>GH 4</b> Sebenzisa inkqubo yokubhala ngoncedo nangentsebenziswano ukuvelisa izicatshulwa ngo-</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• kukhetha nokuphonononga isihloko ngokungqubalisa iintloko, esebenzisa iimaphu zengqondo nezintlu;</li> <li>• kusebenzisa ezinye izicatshulwa njengemizekelo yokubhala;</li> <li>• kuqulunqa nokuvelisa isihloko ngolwazi lomnye umnthombo;</li> <li>• kucwangcisa iingcinga ngokulandelelana ukuvelisa uyilo lokuqala;</li> </ul>	<p><b><u>Inyathelo 9</u></b></p> <p>Ututshala uncedisa abafundi ebafundisa ubhalo lomdlalo (play script) okanye incoko yababini. Ubayalela ukuba baziyele umdlalo ngokwamaqela bethathela ingqalelo isakhiwo umxholo, abalinganiswa, umyalezo abafuna ukuwudlulisa eluntwini. Ututshala ubabonisa ukubhalwa komdlalo. Ukuba yintetho yababini ututshala ubanika imeko bume yentetho leyo (scenario). Umz: Ufika ekhaya emva kwentsimbi yokuqala ekuseni. Umama wakho ukuvulela emnyango. Yenza incoko phakathi kwakho nomama wakho.</p> <p><b><u>Inyathelo 10</u></b></p> <p>Ubayalela ukuba balandele imigaqo yokubhala ngokuthi babhale uyilo lokuqala ukuze kulungiswe iziphene ngutitshala eziphathelele kulwimi, uhlobo lokubhala, upelo phambi kokuba babhale uyilo lokugqibela.</p>	<p><b><u>Inyathelo 9</u></b></p> <p>Abafundi basebenza ngokwamaqela babhala umdlalo/incoko yabantu ababini.</p> <p><b><u>Inyathelo 10</u></b></p> <p>Abafundi babhala uyilo lokuqala ze kulungiswe iziphene. Babhala uyilo lokugqibela akubona utitshala ukuba bakulungele oko.</p>	<p>IFomu: Ukubhala</p> <p>Imethodi: Utitshala</p> <p>umfundi</p> <p>Izixhobo : Irubriki</p>
--	--	---	---

<p><b><u>PF 5 Ukucinga Nokugqqa</u></b></p> <p><b>GH 1</b> sebenzisa ulwimi ekucingeni nasekuqiqeni ngo-kuthelekelela nokukhupha intsingiselo aze acacise iinjongo zombhali ngokutolika izicatshulwa ezibhaliweyo, ezibonwayo, nezivakalayo ngokuhlangene nekharityhulamu;</p> <p>kuthelekisa izinto ezinyuliweyo ngokugqiba ukuba yiyiphi indlela engcono kunenye kwezi zimbini;</p> <p><b><u>PF 6 Usetyenziso Lolwimi</u></b></p> <p><b>GH 1</b> Kusebenzisa ubuchule obahlukeneyo bokupela amagama angaqhelekanga;</p> <p>Kuyila uluhlu lwakhe lopelo nesichazi-magama samagama ngokuhlangene nekharityhulam;</p> <p><b>GH 2</b> sebenza ngezivakalisi ngo:</p> <p>Kuchonga nokusebenzisa izibizo, izimelabizo, izenzi, izichazi, izihlanganisi, izikhuzo, izifanekisozwi, izihlomelo. Kusebenzisa iintlobo zezenzi uhlobo lokuqondisa, lokuqhubeka, lolandelelwano, lokuyalela, lokukhankanya</p>	<p>QAPHELA UKUBA ESI SIPHUMO SESIFUNDO SESIHLANU SISEBENZA KUYO YONKE IMISEBENZI KUBA USEBENZISA UKUCINGA XA SIBHALA, SITHETHA ,SIMAMELE NAXA SIFUNDA</p> <p><b><u>Inyathelo 9</u></b></p> <p>Ututshala uyalela abafundi ukuba babhale onke amagama amatsha (avela kwimibongo) kunye neentsingiselo zawo kwizichazi magama zabo. Ubayalela ukuba bawasebenzise la magama kwizivakalisi.</p> <p><b><u>Inyathelo 10</u></b></p> <p>Ututshala kunye nabafundi bahlaziya iziphumlisi, iintlobo zezenzi, izibizo, izimelabizo esebenzisa umdlalo.</p>	<p><b><u>Inyathelo 9</u></b></p> <p>Abafundi babahala onke amagama amatsha nentsingiselo zawo kwizichazi magama. Bawasebenzisa la magama kwizivakalisi</p> <p><b><u>Inyathelo 10</u></b></p> <p>Abafundi bahlaziya iziphumlisi ,izibizo nezimelabizo kunye nentlobo zezenzi</p>	<p>IFomu:Umsebenzi weklasi</p> <p>Imethodi:Ututshala umfundi</p> <p>Izixhobo :Irubriki</p>
---	--	---	--

**Izixhobo:** incwadi zokubhalela, iincwadi zemidlalo

**Sihambe njani isifundo:** Utitshala akuba egqibile ukufundisa maka sijonge isifundo eso ukuze enze njengoko kufanelekile

**Izithinteli kufunda:** Abafundi abangevayo mabasondezwe kunomathotholo, bacaciselwe ngutitshala banikwe ithuba elongezelelweyo, abanentloni ukuthetha eqeleni yiba nomonde ubangcambazise, abangakwazi ukufunda ngokuvakalayo makabakhuthaze utitshala bathethe ngokuvakalayo, abanengxaki zolwimi banikwa izixhobo ezinokuba ncedisa ekusetyenzisweni kolwimi. Abangakwazi ukushwankathela bancediswe.

**IPLANI YESIFUNDO**

**ISIXHOSA (ULWIMI LWENKOBÉ)  
UMONGO: EZIBONWAYO NEZIVIWAYO  
IBANGA LESIBHOZO  
IXESHA: IIVEKI EZI-3**

<b>UMONGO PF NEE GH</b>	<b>INDIMA KATITSHALA</b>	<b>INDIMA YOMFUNDI</b>	<b>UHLOLO</b>
<p><b><u>PF 1 Ukumamela</u></b> <b>PF 1-UKUMAMELA.</b></p> <p>GH2 Mamela ngononophelo ulwazi nemiyalezo ephambili, aze aphenndule</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Ukuthatha amanqaku, ukushwankathela, ukugqithisa ulwazi</li> <li>• Ukubuza imibuzo ecela umngeni apho kuyimfuneko</li> </ul> <p>GH 3-Nakana iindlela izicatshulwa zomlomoezicwangciswa ngayo izixhobo ezisetyenziselwe nentetho enamandla ukudlala ngamachongwa ukusetyenziswa kweempembelelo zezandi</p>	<p><b><u>Intshayelelo</u></b></p> <p>Utitshala ubuza abafundi ngeendlela zonxibelelwano esithi sizisebenzise. Oku kukuzama ukufumana ulwazi lwabo lwangaphambili. Uthi abuze abafundi ngeendidi zamaphephandaba abawaziyo neenjongo zokubhalwa kwala maphephandaba.</p> <p><b><u>Inyathelo 1</u></b></p> <p>Utitshala ufundela abafundi isihloko sephephanda ze andule ukubuza imibuzo efana nale:</p> <p>Ucinga ukuba kuza kuthethwa ngantoni kweli nqaku?</p> <p>Ziintoni iinjongo zokubhalwa kweli nqaku?</p> <p>Ucinga ukuba eli nqaku libhalelwa ukutsala umdla wobani?</p> <p>Utishala ubhala iimpendulo zabo esebenzisa imephu yengqondo.</p> <p><i>(qaphela-utitshala angakhetha inqaku elinokukhokelela kwingxoxo mpikiswano nelibhekiselele kwimeko yentlalo nenkcubeko)(social and cultural issues</i></p>	<p><b><u>Intshayelelo</u></b></p> <p>Abafundi bayaphendula bexela iindidi zonxibelelwano ezifana noomathotholo, umabonakude, amaphephandaba, iimfonomfono njl-njl. Banika neendidi zamaphephandaba</p> <p><b><u>Inyathelo 1</u></b></p> <p>Abafundi baphendula le mibuzo ngokwamaqela bebhala phantsi limpendulo zabo. Benza ingxelo ngeempendulo abafikelele kuzo.</p>	<p>IFomu: Imibuzo neempendulo IMethodi: Utitshala Izixhobo: Itsheklist</p> <p>IFomu: Ukumamela IMethodi: Utitshala Izixhobo: Itsheklist</p>

<p><b><u>PF 2 UKUTHETHA</u></b></p> <p>GH2 Azisa iingcinga, iingongoma ezinobunyaniso nengcamango ngokucacileyo kwaye ngobuciko obuthile nolandelelwano asebenzise iintlobo zezicatshulwa zomlomo ezinengongoma ezinobunyaniso ziceli mgeni esebenzisa iintlobo zezicatshulwa nolwimi ekuthetheni umz: ingxoxo ,intetho mpikiswano.</p> <p>GH3 Bonisa ubuchule obusisiseko kwiintlobo ezikhethiweyo zezicatshulwa zomlomo ngo</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• kwenza ulandelelwano ,lwemiyalelo yomlomo nenkcazelo</li> <li>• kuvelisa ingxoxo eziqiqiweyo</li> </ul> <p>-GH4 Bonisa ubuchule bentsebenziswano ngokuthatha inxaxheba kwiingxoxo zeqela</p> <p>-Avumele iingcamango zabanye</p> <p>-acacise iingcamango</p> <p>-amkele ugxeke</p> <p>-Avale izikhewu ngokubuza imibuzo</p> <p>-Abonise uvakalelo kumalungelo</p> <p>GH 5 Azisa ngobuciko obukwiqondo elithile</p> <p>GH 6 vavanya impumelelo yonxibelelwano lwakhe kwaye enze uphuculo.</p>	<p><b><u>Inyathelo 2</u></b></p> <p>Utitshala ufundela abafundli inqaku lephephandaba.Wohlula abafundi babe ngamaqela ukulungiselela ingxoxo.Unika abafundi imibuzo equlathe umongo wenqaku(content) kunye nemibuzo ekhokelela ekubeni abafundi ukuba bacinge nzulu.Okukuqala mabaxoxe ukuba ngowuphi owona mba uphambili uziswa ngumbhali wenqaku. Liqulathe ntoni eli nqaku?Yintoni isilumkiso kweli nqaku?Uchukunyiswe yintoni umbhali weli nqaku?.Bajonga negalelo lemifanekiso kweli nqaku. Mabaxoxe ngendlela yokubhalwa kwenqaku.Utitshala uyalela amalungu eqela ukuba athathe inxaxheba kunikezelo lwezimvo zeqela.</p> <p><b><u>Inyathelo 3</u></b></p> <p>Utitshala uyalela abafundi ukuba balungiselele ingxoxo mpikiswano.Wohlula abafundi ukuba babe ngamaqela amabini.Ekunye nabafundi konyulwa usihlalo oza kulawula ingxoxo mpikiswano.Utitshala unika abafundi isihloko ekuza kuxoxwa ngaso aze anike abafundi ithuba elaneleyo lokulungiselela ingxoxo mpikiswano.(Umba ekuza kuxoxwa ngawo uxhomekeka kwinqaku elo alikhethileyo utitshala)</p>	<p><b><u>Inyathelo 2</u></b></p> <p>Abafundi baxoxa ngokwamaqela benika izimvo zabo ngenqaku.Elowo umfundi uthatha inxaxheba ekunikezeleni izimvo zeqela.</p> <p><b><u>Inyathelo 3</u></b></p> <p>Abafundi balungiselela ingxoxo mpikiswano.Bonyula abafundi abaza kubamela bengamaqela.Baqokelela ulwazi malunga nombala lowo baza kuxoxa ngawo.</p> <p>Qaphela:Amaqela alindeleke ukuba eze nezawo izisombululo kumba lowo ekuza kuxoxwa ngawo.</p>	<p>IFOMU:Ingxoxo</p> <p>METHODI:Utitshala</p> <p>Amaqela</p> <p>Izixhobo:Irubriki</p> <p>IFOMU:Ingxoxo mpikiswano</p> <p>METHODI:Utitshala</p> <p>Amaqela</p> <p>Izixhobo:Irubriki</p>
---	---	---	--

<p><b><u>PF3 UKUFUNDA NOKUBUKELA</u></b></p> <p>GH1 Funda ngokuqhutywa ngumdla kwaye efundela ulwazi nolonwabo</p> <p>GH2- Funda ngokuvakalayo nangoku the cwaka,kwinjongo ezahlukeneyo aze asebenzise ubuchule bokufunda</p> <p>Ngokukhawuleza nokukwaqula, ukuqikelela, ukuthelekelela.</p> <p>GH3 Chonga injongo, abaphulaphuli, nemeko yesicatshulwa.</p> <p>GH 4 Bonisa ingqiqo yezicatshulwangokwenza izigwebo nezigqibo ezikubungqina.</p> <p>GH5 Cacisa iindlela iimpawu eziphambili nocwangciso lentlobo ezinegalelo ngalo.umz: iphepha ndaba</p> <p>GH 7 Hlalutya iindlela ezisetyenziswa ekuyileni iimpembelelo zezicatshulwa ezibonwayo ,ezibhaliweyo nezosasazo</p> <p>-chaza ukhetho,nokubekwa kwemifanekiso,nefonti,nombala.</p> <p>GH 8 Xoxa ngengcamango nomyalezo.</p> <p>GH 9 Xoxa ngemibandela yenkcubeko,ummandla isimo</p>	<p><b><u>Inyathelo 4</u></b></p> <p>Utitshala uyalela abafundi ukuba bafunde inqaku lephepha ndaba ngokuvakalayo.Oku bakwenza bengamaqela.Uncedisa abafundi ngamagama anzima abangakwazi ukuwabiza.</p> <p><b><u>Inyathelo 5</u></b></p> <p>Utitshala uyalela abafundi ukuba bafunde ngokuthe cwaka baze babhale iingongoma eziphambili zenqaku Utitshala Unika abafundi ithuba lokufunda ngokukhawuleza ,ukukrwaqula inqaku bekhangelana iingongoma eziphambili.Ubayalela ukuba ezi ngongoma bazibhale kwimephu yengqondo.Ubayalela ukuba ukuba bathi bakugqiba bathelekise iingongoma abazibhalileyo nezo zogxa babo.Oku bakwenza ngababini.</p>	<p><b><u>Inyathelo 4</u></b></p> <p>Abafundi bafunda inqaku ngokuvakalayo ngokwamaqela bencediswa ngutitshala</p> <p><b><u>Inyathelo 5</u></b></p> <p>Abafundi bafunda ngokuthe cwaka.Babhala iingongoma eziphambili ngenqaku kwimephu yengqondo. Bakugqiba bathelekise iingongoma abazibhalileyo nezo zogxa babo.Oku bakwenza ngababini.</p>	<p>IFOMU:Ukufunda</p> <p>METHODI:Utitshala</p> <p>Izixhobo:Irubriki</p> <p>IFOMU:Ukufunda</p> <p>METHODI:Utitshala</p> <p>Izixhobo:Irubriki</p>
--	--	---	---

<p><b><u>PF 4 Ukubhala</u></b></p> <p><b>GH 1</b> Bhala izicatshulwa ezinzni zentelekelelo ngo-</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• kuvakalisa iingcinga, iingcamango neemvakalelo kuye nakwabanye</li> <li>• kuphononnga ukusetyenziswa kolwimi ngokuyilayo nangokudlalayo, ngezincoko ezibalisayo nazichazayo, amabali amafutshane alula, iileta. iingxoxo, imihobe, imidlalo ekhatshwa zimpembelelo ezinezandi nezibonwayo, neengoma</li> </ul> <p><b>GH 2</b> Velisa izicatshulwa ezibhalwayo ezininzi ezineengongoma ezinobunyaniso nezakhiwe ngeendlela ezininzi kwiinjongo ezahlukeneyo usebenzisa iimpawu ezininzi ezibanzi ezibonwayo nezakhiweyo apho kuyimfuneko l-meyile, iingxelo kwimibandela yangoku, izazisi, izibhengezo, iingxelo yengqina, iingxelo zephephandaba, inkcazo ngobomi bomntu, l-ajenda nemizuzu yentlanganiso.</p> <p><b>GH 4</b> Sebenzisa inkqubo yokubhala ngoncedo nangentsebenziswano ukuvelisa izicatshulwa ngo-</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• kukhetha nokuphonononga isihloko ngokungqubanisa iintloko, esebenzisa iimaphu zengqondo nezintlu;</li> <li>• kusebenzisa izicatshulwa ezinokuntsonkotha okukhulayo njengemizekelo;</li> <li>• kuqulunqa nokuphuhlisa isihloko ngolwazi olusemxholweni oluvela kweminye imithombo;</li> <li>• kucwangcisa iingcinga ngokulandelelana</li> </ul>	<p><b><u>Inyathelo 6</u></b></p> <p>Utitshala uyalela abafundi ukuba babhale inqaku lephepha-ndaba Mabathathe ingqalelo le miba ilandelayo:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• injongo yenqaku</li> <li>• lijoliswe kobani</li> <li>• Mabasebenzise ulwimi nedlela efanelekileyo yokubhala inqaku</li> <li>• Isihloko esifanelekileyo esitsala umdla ebantwini</li> </ul> <p>Bangabhala ngombandela obadlayo ekuhlaleni okanye esikolweni kungenjalo ngezemidlalo.</p> <p><b><u>Inyathelo 7</u></b></p> <p>Utitshala ubayalela ukuba balandele inkqubo yokubhala apho bezakubhala uyilo lokuqala. Utitshala ulingisa iziphene de balungele ukubhala uyilo lokugqibela</p> <p><b><u>Qaphela</u></b> : Abafundi basenokubhala incoko yabantu ababini(dialogue) phakathi kwakhe umfundi nomhleli wephepha-ndaba belandela inkqubo yokubhala.</p>	<p><b><u>Inyathelo 6</u></b></p> <p>Abafundi babhala inqaku lephepha-ndaba belandela amanqaku abwanikwe ngutitshala.</p> <p><b><u>Inyathelo 7</u></b></p> <p>Abafundi babhala uyilo lokuqala. Kulungiswa iziphene de balungele ukubhala uyilo lokugqibela.</p>	<p>IFOMU: Inqaku lephepha-ndaba</p> <p>METHODI: Utitshala</p> <p>Izixhobo: Irubriki</p>
---	---	--	---



<ul style="list-style-type: none"> <li>• ukuvelisa uyilo lokuqala;</li> <li>• kuhlaziya iiyalo ezininzi ecinga ngenjongo, ngabaphula-phuli, ngolwimi olusetyenzisiweyo, nocwangciso oluntsonkothileyo, neempawu ezilula ezimbalwa zesimbo sokubhala aze ahlaziye ngokufanelekileyo</li> <li>• kuhlaziya mgokunzulu ubhalo lwakhe nolwabalingane, anike iingcebiso, ebonisa uvakalelo kumalungelo neemvakalelo zabanye</li> <li>• kuvavanya nokulungisa uyilo ngokusebenzisa ulwazi lolwimi kwimeko, apho kufanelekileyo ngokwebanga</li> <li>• kupapasha imveliso yokugqibela, enika ingqalelo kukwazisa okuyilayo nakwiipawu ezahlukeneyo zokwakhiwa.</li> </ul> <p><b>PF 5- UKUCINGA NOKUQIQA</b></p> <p>GH 1 Sebenzisa ulwimi ekucingeni, ekubuzeni imibuzo, ekuvakaliseni uluvo.</p> <p>GH 2 Sebenzisa ulwimi ekuphandeni</p> <p>GH 3 Lungisa ulwazi ngokuthatha amanqaku.</p> <p>GH 4 Cinga ngokuyilayo ebonisa uqikelelo, intsingiselo nokusombulula iingxaki ethelekelela okunokwenzeka, ecinga ngeyantlukwano.</p>	<p><b><u>Inyathelo 8</u></b></p> <p>Utitshala uyalela abafundi ukuba babhalele abahlobo babo bebabalisela ngenqaku elinomtsalane ebebelifundile. Utitshala ubayalela ukuba balandele inkqubo yokubhala apho bezakubhala uyilo lokuqala. Utitshala ulungisa iziphene de balungele ukubhala uyilo lokugqibela. Isibini sabafundi singalungisana iziphene phambi kokuba umsebenzi usiwe kutishala.</p> <p>.</p> <p><b>QAPHELA UKUBA ESI SIPHUMO SESIFUNDO SESIHLANU SISEBENZA KUYO YONKE IMISEBENZI KUBA USEBENZISA UKUCINGA XA SIBHALA, SITHETHA ,SIMAMELE NAXA SIFUNDA</b></p>	<p><b><u>Inyathelo 8</u></b></p> <p>Abafundi babhala ileta yobuhlobo belandela inkqubo yokubhala.</p>	<p>IFOMU: Ileta yobuhlobo</p> <p>METHODI: Utitshala</p> <p>Izixhobo: Irubriki</p>
--	---	---	---

<p><b><u>PF 6 UKWAKHIWA NOKUSETYENZISWA KOLWIMI</u></b></p> <p>GH1 Sebenza ngamagama ukuyila uluhlu lopelo, izifinyezo</p> <p>GH2 Sebenza ngezivakalisi ukuchonga izibizo, izimelabizo, izihlanganisa, izihlomelo.</p> <p>GH3 Sebenza ngezicatshulwa ukwenza izihlanganisi, imihlathi</p> <p>GH5 Khulisa ingqiqo enzulu yolwimi ngokuchonga intsingiselo</p> <p>-Ngokuchonga ulwimi olusetyenziselwa injongo ethile</p> <p>-Ngokusetyebenzisa amagama abonisa uvakalelo ngokwemibandela yobuhlanga.</p>	<p><b><u>Inyathelo 8</u></b></p> <p>Utitshala uyalela abafundi ukuba basebenzise amagama akwinqaku ukwenza izivakalisi ezitsha. Ubayalela ukuba babhale amagama amatsha neentsingiselo zawo kuluhlu lwabo lopelo.</p> <p><b><u>Inyathelo 9</u></b></p> <p>Utitshala unokusebenzisa inqaku ukulungiselela ukusebenza ngezibizo nezimelabizo.</p>	<p><b><u>Inyathelo 8</u></b></p> <p>Abafundi babhala izivakalisi besebenzisa amagama akwinqaku. babhala amagama amatsha neentsingiselo zawo kuluhlu lopelo.</p>	<p>IFOMU: Umsebenzi weklasi</p> <p>METHODI: Utitshala nabafundi</p> <p>Izixhobo: Imemorandam</p>
<p><b>Izixhobo:</b> incwadi zokubhalela, inqaku lephepha-ndaba</p>			
<p><b>Sihambe njani isifundo:</b> Utitshala akuba egqibile ukufundisa maka sijonge isifundo eso ukuze enze njengoko kufanelekile</p>			
<p><b>Izithinteli kufunda:</b> Abafundi abangevayo mabasondezwe kunomathotholo, bacaciselwe ngutitshala banikwe ithuba elongezelelweyo, abanentloni ukuthetha eqeleni yiba nomonde ubangcambazise, abangakwazi ukufunda ngokuvakalayo makabakhuthaze utitshala bathethe ngokuvakalayo, abanengxaki zolwimi banikwa izixhobo ezinokuba ncedisa ekusetyenzisweni kolwimi. Abangakwazi ukushwankathela bancediswe.</p>			

**IPLANI YESIFUNDO**

**ISIXHOSA (ULWIMI LWENKOBE)  
UMONGO:UMBONGO  
IXESHA: IIVEKI EZI-3**

**IBANGA LESITHOBA**

<b>UMONGO PF NEE GH</b>	<b>INDIMA KATITSHALA</b>	<b>INDIMA YOMFUNDI</b>	<b>UHQLOLO</b>
<p><b><u>PF 1 Ukumamela</u></b></p> <p><b><u>PF 1 Ukumamela</u></b></p> <p><b>GH 1</b> Mamela nokuhlalutya izicatshulwa zomlomo, ezentelekelelo, nezinika ulwazi ezinokuntsonotha okwahlukeneyo (umz: imidlalo yeradiyo, imboniso-ntetho, imihobe edlalwayo, imiboniso bhanya-bhanya, izigxeko-ncomo zencwadi).</p> <p><b>GH 5</b> xoxa izizathu zesithethi zokuchonga amagama athile, amabinzana nezivakalisi eziphembelela umphulaphuli, aze acacise neempembelelo zazo (umz: intetho entsingiselo – mbini eyenziwe ngamabom, kwahlula phakathi kwenyaniso nengcinga, kunakana umtsalane bucala nokuqal’ugwebe nokwandisa).</p>	<p><b><u>Intshayelelo</u></b></p> <p>Utitshala ubhala ebhodini umxholo (theme) wombongo lowo aza kuwufundisa.Ubuza imibuzo kubafundi malunga nalo mxholo ezama ufumana ulwazi lwangaphambili lwabafundi .Oku kukhokelela kwingxoxo yeklasi.Utitshala ubhala isigama esitsha ebhodini esinxulumene nombongo.</p> <p><b><u>Inyathelo 1</u></b></p> <p>Uhlaziya iimpawu zombongo ngokuthi ababuze imibuzo esebenzisa umbongo. Utitshala uthi andule ukucacisela abafundi malunga nombongo, isakhiwo sombongo, iimpawu zombongo, amagama asetyenzisiweyo nezigaba zentetho (figures of speech), umyalezo.</p> <p><b><u>Inyathelo 2</u></b></p> <p>Utitshala uhlaziya iindidi zemibongo neempawu zayo umz. Isonethi inemigca eli-14.Umbongo mbaliso ubalisa ibali.Unentshayelo, isiqu nesiphelo.Iirikhi, apho imbongi ivakalisa iingcinga nezimvo zayo ngomba/umcimbi othile.Isililo apho imbongi ivakalisa usizi lwayo, ngumhobe wokufa umz ukuzika kukaMendi.Umhobe wanamhla wokubonga apho imbongi ibonga loo nto okanye loo mntu imbonayo.(Utitshala makababonise imizekelo yale mibongo)</p>	<p><b><u>Intshayelelo</u></b></p> <p>Abafundi baphendula imibuzo bejula izimvo bebonisa ulwazi lwabo malunga nomxholo.</p> <p><b><u>Inyathelo 1</u></b></p> <p>Abafundi baphendula imibuzo baze bandule ukuphula phula inkcazelo katitshala malunga nombongo.</p> <p><b><u>Inyathelo 2</u></b></p> <p>Abafundi baphulaphule bethatha amanqaku.</p>	<p>Ifomu:Ukujulwa kwezimvo IMethodi:Utitshala Izixhobo:Itsheklisti</p> <p>Ifomu:Imibuzo neempendulo IMethodi:Utitshala Izixhobo:Itsheklisti</p>

<p><b><u>PF 2 Ukuthetha</u></b></p> <p><b>GH 5</b> Azisa ngomlomo ngokuzithemba nangokuyilayo, ethathele ingqalelo ngo/kwi/ku-</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Kunqumama kwahluka kwisantya namandla kwindawo eziphambili</li> <li>• njongo nabaphulaphuli simo, kwisijekulo nakulwimi lomzimba, kwimbonakalo yomzimba ukubandakanya umdla wabaphuli-phuli yantlukwano yokwazisa lwimi oluthethwa ngabantu abathile</li> <li>• mvakalozwi</li> <li>• qondo olusesikweni</li> <li>• mvumelwano yentlalo nenkcubeko</li> </ul>	<p><b><u>Inyathelo 3</u></b></p> <p>Utitshala ufundela abantwana umbongo aze abayalele ukuba bamamele ngononophelo.(Utitshala makakhethe umbongo ubemnye kweziya ndidi zibalulwe ngasentla).Utitshala uwufunda kabini lo mbongo.Uthi akuwugqiba ukuwufunda anike abafundi imibuzo malunga nombongo ukukhangela ukuba bebemamele na.Imibuzo mayibhekiselele kumongo wombongo(content).Bakugqiba ukuphendula imibuzo unika ithuba lokuba kuxoxwe ngeempendulo ezinikwe ngabafundi</p> <p><b><u>Inyathelo 4</u></b></p> <p>Utitshala wohlula abafundi babe ngamaqela amahlanu ngokwendidi zemibongo.Ilelo iqela lichonga udidi lombongo ze baxoxe behlalutya umbongo lowo ngokwezi ngongoma</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Isakhiwo</li> <li>• Umongo</li> <li>• Imo yembongi</li> <li>• Ukusetyenziswa kwamagama</li> <li>• Imfundiso/umyalezo</li> </ul> <p>Ubayalela ukuba babhale phantsi zonke iimpendulo zabo ukuze xa begqibe ukunikezela ingxoxo yabo ilelo iqela lenzelwe ikopi zeendidi zontlanu zemibongo. (Utitshala makabanike ithuba lokuzilungiselela elaneleyo abafundi)</p>	<p><b><u>Inyathelo 3</u></b></p> <p>Abafundi bamamela umbongo ze baphendula imibuzo elowo ebhala encwadini yakhe.Bakugqiba ukubhala abafundi baxoxa ngeempendulo abazinikileyo.</p> <p><b><u>Inyathelo 4</u></b></p> <p>Abafundi baxoxa bengamaqela ngombongo lowo bawukhethileyo bekhupha</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Isakhiwo</li> <li>• Umongo</li> <li>• Imo yembongi</li> <li>• Ukusetyenziswa kwamagama</li> <li>• Imfundiso/umyalezo</li> </ul> <p>Bakugqiba iqela ngalinye linikezela ingxoxo.</p>	<p>Ifomu:Ukumamela IMethodi:Utitshala Izixhobo:Itsheklisti</p> <p>Ifomu:Ingxoxo IMethodi:Utitshala Izixhobo:Itsheklisti/irubriki</p>
---	---	---	--

<p><b><u>PF 3 Ukufunda Nokubukela</u></b></p> <p><b>GH 1</b> 1Funda ngokuqhutywa ngumdla kwaye ngokuphangaleleyo efundela ulwazi nolonwabo iintlobo ezininzi zezicatshulwa ezifundiweyo, athelekise iimpendulo zakhe, kwaye enze iingcebiso ezikhuthazayo kwabanye.</p> <p><b>GH 5</b> xoxa ngeentlobo ezahlukeneyo zezicatshulwa nokucacisa indlela iimpawu zazo eziphambili ezicwangciswe ngayo nezinegalelo ngayo ekusebenzeni kwesicatshulwa (umz: imihobe emide, iinovele ezimfutshane, amanqaku ephepha-ndaba, iidayari, iileta, izigxeko-ncomo zeencwadi, nemidlalo emifutshane).</p> <p><b>GH 8</b> phendula ngokunzulu kwizicatshulwa ngoku-</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>vavanya ingcamango yombhali;</li> <li>vavanya imiyalezo ecacileyo (okanye efihlakeleyo) kwisicatshulwa nangomtsalane bucala/ ukuqal'ugwebe kwaye anike ezakhe iingcamango nezinye iindlela;</li> </ul> <p>xoxa ukuba imeko yentlalo neyenkcubeko ziwuphemelela njani umyalezo</p>	<p><b><u>Inyathelo 5</u></b> Utiitshala uyalela abafundi ukuba bafunde umbongo ngokuvakalayo ngokwamaqela. Utiitshala uncedisa abafundi ngendlela yokufunda umbongo.</p> <p><b><u>Inyathelo 6</u></b> Utiitshala uyalela abafundi ukuba bafunde ngokuthe cwaka ze baphendule imibuzo ebhekiselele kumbongo ebebewufunda (imibuzo eqatha kunaleyo ebebanike yona kwinyathelo lesibini). Imibuzo ngomongo wombongo kunye naleyo inyanzelisa abafundi ukuba bacinge nzulu.</p> <p><b><u>Inyathelo 7</u></b> Emveni kokuba abafundi begqibile ukubhala makuxoxwe ngemibuzo neempendulo ezinikwe ngabafundi.</p>	<p><b><u>Inyathelo 5</u></b> Abafundi bafunda ngokuvakalayo ngokwamaqela bencediswa ngutiitshala.</p> <p><b><u>Inyathelo 6</u></b> Abafundi bafunda ngokuthe cwaka ze baphendula imibuzo ngabanye.</p> <p><b><u>Inyathelo 7</u></b> Abafundi baxoxa ngeempendulo zabo bakube begqibile ukubhala.</p>	<p>IFomu:Ukufunda IMethodi:Utiitshala Izixhobo:Itsheklisti/irubriki</p> <p>IFomu:Ukbhala IMethodi:Utiitshala Izixhobo:Imemo</p> <p>IFomu:Ingxoxo yeklasi IMethodi:Utiitshala Izixhobo:Itsheklisti</p>
--	---	--	---

<p><b>PF 4 Ukubhala</b></p> <p><b>GH 1</b> 1 bhala izicatshulwa ezininzi ezibanzi zentelekelelo ngo-</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Kuvakalisa intelekelelo, iingcinga, iingcamango neemvakalelo ngaye nakwabanye.</li> </ul> <p>Kuphonononga ukusetyenziswa kolwimi ngokuyilayo, ngokunzulu nangokudlalayo, ngezincoko ezibalisayo nezichazayo, iingxoxo, imihobe, iingoma, amabali amafutshane alula, iileta, iingxoxo, imidlalo ekhatshwa zimpembelelo ezinesandi nezibonwayo.</p> <p><b>GH 3</b> bonisa ubuchule obukumngangatho ophezulu kwiimpawu ezininzi zokubhala ezifanelekileyo kuhlobo lwesicatshulwa (umz: kwakha umlinganiswa, ukuzinzisa indawo ekwenzeka kuyo ibali, ukukhulisa isakhiwo kubhalo olubalisayo noluchazayo, esbenzisa imifanekiso-ntelekelelo emininzi ebanzi kubhalo lwakhe lwesihobe.</p>	<p><b>Inyathelo 8</b></p> <p>Utitshala unika abafundi umbongo ukulungiselela ukufunda ngababini(Utitshala makakhethe izibongo-ezo zibongwa zibongi zomthonyama).Ubayalela ukuba bathi bakugqiba ukufunda umbongo bawuhlalutye ngababini beqwalasela:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• isigama esisetyenzisiweyo</li> <li>• izafobe</li> <li>• Uphindaphindo</li> <li>• Uxwesiso(olu luvela ngokuthi igama okanye ibinza ebekuqunjelwe ngalo umqolo kuphinde kuqalwe ngalo umqolo oandelayo)</li> <li>• izikhuzo</li> <li>• umongo wombongo</li> <li>• imvakalelo yebongi</li> <li>• Mabawushwankathele ungagqithi kwimihlathi emibini besebenzisa esabo isigama bebonisa ukuwuqonda.Imihlathi mayithungelane, ihambelane nesihloko abasinikiweyo.</li> </ul>	<p><b>Inyathelo 8</b></p> <p>Abafundi bafunda umbongo baze bawuhlalutye besebenzisa iingongoma abazinikiweyo.</p>	<p>IFomu:Ukushwanakathela IMethodi:Utitshala Izixhobo:Itsheklisi/irubriki</p>
---	--	---	---

<p><b><u>PF 6 Usetyenziso Lolwimi</u></b></p> <p><b>GH 1</b> . sebenza ngamagama ngo-</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Kusebenzisa ubuchule obahlukeneyo bokupela amagama angaqhelekanga nokuxoxa ngobuchule obusetyensiwe</li> <li>• .Kuyila uluhlu lwakhe lopelo nesichazi-magama samagama ngokudibene ngokwekharithulamu aze ahlalutye amagama anika iingxaki</li> <li>• .Kusebenzisa isichazi-magama nencwadi eyingqokelela yamagama ngobuchule, ngikuzithemba ukuphanda upelo, imvelaphi nokwandiswa kwamagama</li> </ul> <p><b>GH 2</b> sebenza ngezivakalisi ngo:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• .Kuchonga nokusebenzisa izibizo, izimelabizo, izenzi, izichazi, izihlanganisi, izikhuzo, izifanekisozwi, izihlomelo</li> </ul> <p><b>GH 3</b> sebenza ngezicatshulwa ngo:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• kulandelelanisa imihlathi ngokufanelekileyo ukudala zicatshulwa ezide.</li> </ul> <p><b>GH 4</b> phuhlisa ingqiqo nokusetyenziswa kwesimbo sokubhala</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>•</li> </ul>	<p><b><u>Inyathelo 9</u></b></p> <p>Utitshala uyalela abafundi ukuba babhale oko amagama amatsha (avela kwimibongo) kunye neentsingiselo zawo kwizichazi magama zabo. Ubayalela ukuba bawasebenzise la magama kwizivakalisi.</p> <p><b><u>Inyathelo 10</u></b></p> <p>Utitshala kunye nabafundi bahlaziya izafobe izaci namaqhalo, izikhuzo esebenzisa umbongo.</p>	<p><b><u>Inyathelo 9</u></b></p> <p>Abafundi u babhala amagama amatsha neentsingiselo zawo kwizichazi magama. Bawasebenzisa la magama ukwakha izivakalisi.</p> <p><b><u>Inyathelo 10</u></b></p> <p>Abafundi bahlaziya izafobe izaci namaqhalo, izikhuzo kunye notitshala besenzisa umbongo.</p>	<p>IFomu:umsebenzi weklaSI IMethodi:Utitshala Izixhobo:Imemo</p> <p>IFomu:umsebenzi weklaSI IMethodi:Utitshala Izixhobo:Imemo</p>
<p><b>Izixhobo:</b> incwadi zokubhalela, incwadi zemibongo</p>			
<p><b>Sihambe njani isifundo:</b> Utitshala akuba egqibile ukufundisa maka sijonge isifundo eso ukuze enze njengoko kufanelekile</p>			
<p><b>Izithinteli kufunda:</b> Abafundi abangevayo mabasondezwe kunomathotholo, bacaciselwe ngutitshala banikwe ithuba elongezelelweyo, abanentloni ukuthetha eqeleni yiba nomonde ubangcambazise, abangakwazi ukufunda ngokuvakalayo makabakhuthaze utitshala bathethe ngokuvakalayo, abanengxaki zolwimi banikwa izixhobo ezinokuba ncedisa ekusetyenzisweni kolwimi.Abangakwazi ukushwankathela bancediswe.</p>			

**IPLANI YESIFUNDO**

**ISIXHOSA (ULWIMI LWENKOBÉ)  
UMONGO: EZIBONWAYO NEZIVIWAYO (INTENGISO)  
IBANGA LESITHOBA  
IXESHA: IIVEKI EZI-3**

<b>UMONGO PF NEE GH</b>	<b>INDIMA KATITSHALA</b>	<b>INDIMA YOMFUNDI</b>	<b>UHQLOLO</b>
<p><b><u>PF 1 Ukumamela</u></b></p> <p><b>GH 2</b> Mamela ngononophelo nocoselelo ulwazi oluthile neengcinga ezingundoqo kwaye aphenndule ngokufanelekileyo, umz:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Ukwenza izigqibo;</li> <li>• Kuhlaziya ulwazi neengcinga, aze abuze imibuzo yokuphanda nokucela umngeni apho kuyimfuneko</li> </ul>	<p><b><u>Intshayelelo</u></b> Utitshala ubuza abafundi le mibuzo ilandelayo engakhangela ulwazi lwabo lwangaphambili malunga neentengiso: Yintoni intengiso? Zenzelwe ntoni intengiso? Kwimihla ngemihla sizibona phi okanye siziva phi iintengiso? Xela iindidi zeentengiso ozaziyo? Ingaba bacinga ukuba iintengiso zibalulekile okanye hayi.ingaba zisixelela okuyinyani okanye hayi?</p> <p><b><u>Inyathelo 1</u></b> Utitshala unika abantwana uyalela abafundi ukuba basike kwiimagazini nakumaphepha-ndaba iindidi zeentengiso. Bakwenza oku ngokwamaqela. Uyalela abafundi ukuba bazincamathisele kwitshati ezi ntengiso. Utitshala ubachazela ngeempawu zeentengiso: umfanekiso, isilogeni, ilogo, umyalezo, ulwimi olucengayo olisetyenziselwa ukuba sithenge singabathengi, iprodakti okanye inkonzo(service) leyo ithengiswayo, abantu ekutsalwa umdla wabo. Ukwenza oku esebenzisa umzekelo wentengiso nabantwana bejonge kwezo ntengiso zabo</p>	<p><b><u>Intshayelelo</u></b> Abafundi baphendula imibuzo bebonisa ulwazi lwabo malunga neentengiso.</p> <p><b><u>Inyathelo 1</u></b> Abafundi basika iintengiso kwiimagazini nakumaphepha-ndaba. Bamamela kutitshala iimpawu zeentengiso bemana ukujonga kwezo ntengiso zabo.</p>	<p>Ifomu: Imibuzo neempendulo IMethodi: Utitshala nabafundi Izixhobo: Itsheklisi</p>



<p><b>GH 3</b> qonda indlela izicatshulwa zomlomo ezicwangciswe ngayo aze achaze iimpawu eziphambli(umz: amabali amafutshane, iibhaladi, iinthe ezimfutshane, imiboniso ntetho, imidlalo yedrama, ukusasaza iindaba, iingxoxo).Oku kuquka nokunakana izixhobo ezisetyenziselwe uburharha ezifana nemigcana ehlekisayo enentetho enamandla, ukudlala ngamagama, nokuthi ngumama nokuchonga ukusetyenziswa kweempembelelo zezandi kwizicatshulwa ezahlukeneyo zezixhobo ezivakalayo nezibonakalayo.</p> <p><b>GH 7</b> chonga iimeko zokuxabiseka nezembali, zentlalo nenkcubeko kwizicatshulwa ezikhethiweyo.</p>	<p><b><u>Inyathelo 2</u></b></p> <p>Utitshala umamelisa abantwana intengiso eshicelelweyo kanomathotholo.Uyalelela abafundi ukuba bamamele ngononophelo.Uyidlala izihlandlo zibe zibini le ntengiso.utitshala usenokusebenzisa umabona kude ukufundisa abantwana ngeentlobo ntlobo zeentengiso. Bavumelekile ukuba bathathe amanqaku kulonto bacinga ukuba uza kuyibuza utitshala.Uthi akugqiba ukubamamelisa/ ukubabukelisa intengiso baphendule imibuzo. Elowo umfundi ebhala encwadini yakhe</p> <p>Imizekelo yemibuzo anokuyibuza:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Yintoni le ithengiswayo kule ntengiso?Wazi njani</li> <li>• Ucinga ukuba le ntengiso ilungiselelwe oobani?</li> <li>• Ukhe wayibona phi le ntengiso</li> <li>• Njengokuba ubumamele /ubukele le ntengiso ucinga ukuba zintoni ezinokubangela ukuba abthengi bathenge lonto ithengiswayo</li> <li>• Uva njani xa umamele le /ubukele le ntengiso?Nika izizathu zoko</li> <li>• Ingaba uyayithanada le ntengiso Nika izizathu zoko.</li> </ul>	<p><b><u>Inyathelo 2</u></b></p> <p>Abafundi bamamela ngononophelo intengiso bethatha amanqaku.</p>	<p>IFomu:Ukumamela IMethodi:Utitshala nabafundi Izixhobo:Imemorandam</p>
--	--	---	--

<p><b>PF 2 Ukuthetha</b></p> <p><b>GH 2</b> azisa iingcinga, iingongoma ezinobunyaniso neengcamango ngokucacileyo kwaye ngokuchanekileyo ngokulandelelana kwizihloko ezicela umngeni esebenzisa iintlobo zezicatshulwa zomlomo ezineengongoma ezinobunyaniso ezibanzi</p> <p><b>GH 4</b> bonisa ubuchule bentsebenziswano obusisiseko ngokuthatha inxaxheba ngokukhuthelayo kwiingxoxo zeqela, kwiincoko, kudliwano-ndlebe, kwiintetho-mpikiswano kwaye xa esenza oko;-</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• amkele imisebenzi eyahlukeneyo;</li> <li>• avumele ezinye iingcamango;</li> <li>• acacise ingcamango yakhe;</li> </ul> <p><b>GH 5</b> azisa ngomlomo ngokuzithemba nangokuyilayo, ethathele ingqalelo ngo/kwi/ku-</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• njongo nabaphula-phuli</li> <li>• simo, kwisijekulo nakulwimi limzimba, kwimbonakalo yomzimba ukubandakanya umdla wbpshula-phuli mvakalozwi</li> <li>• zangotshe ezifanelekileyo ezifanama nenkcazo – vuthondaba, ubabazo nombuzo-buciko</li> </ul> <p><b>GH 6</b> vavanya impumelelo yonxibelelwano lwakhe kwaye enze uphuculo.</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>•</li> </ul>	<p><b>Inyathelo 3</b></p> <p>Utitshala wohlula abantwana babe ngamaqela amabini ukulungiselela ingxoxo mpikiswano. Unika abantwana le nkcazelo: IINTENGISO ZICHAPHAZELA INDLELA ESICINGA NGAYO.ZENZA UKUBA SIYE KUTHENGA.MAXA WAMBI ZICHAPHAZELA INDLELA ESIZIBONA NGAYO SINGABANTU KUBA ZITHEMBISA UKUBUTSHINTSHA UBOMI BETHU. SIZIBONA SINYANZELEKILE UKUBA SIYE KUTHENGA.</p> <p>Uyalela abafundi ukuba elinye iqela livumela elinye lingahambisani nale nkcazelo. Utitshala unika abafundi ithuba lokuba baqokeleleulwazi olwaneleyo ukulungiselela ingxoxo-mpikiswano</p>	<p><b>Inyathelo 3</b></p> <p>Abafundi balungiselela ingxoxo mpikiswano. Baqokelela ulwazi olwaneleyo ukulungiselela ingxoxo mpikiswano.</p>	<p>IFomu:Ingxoxo-mpikiswano IMethodi:Utitshala nabafundi Izixhobo:Irubriki</p>
--	--	---	--

<p><b>PF 3 Ukufunda nokubukela</b></p> <p><b>GH 5</b> xoxa ngeentlobo ezahlukeneyo zezicatshulwa nokucacisa indlela iimpawu zazo eziphambili ezicwangciswa ngayo nezigalelo ngayo ekusebenzeni zezicatshulwa( umz: imihobe emide, iinoveli ezimfutshane, amanqaku ephepha-ndaba, iidayari, iileta, izigxeko ncomo zeencwadi, nemidlalo emifutshane</p> <p><b>GH 7</b> hlalutya iindlela ezisetyenziswe ekuyileni iimpembelelo ezithile kwisicatshulwa ezibonwayo, ezibhaliweyo, ezezixhobo zokusasaza ezininzi ezifana :</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• nempembelelo yezixhobo zokubhala nolwimi olusetyenzisiweyo</li> <li>• nempembelelo yeempawu zokwakhiwa(ukubekwa kwesicatshulwa nemifanekiso)</li> </ul> <p><b>GH 8</b> phendula ngokunzulu kwisicatshulwa ngoku:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• vavanya ingcamango yombhali</li> <li>• vavanya imiyalezo ecacileyo(okanye efihlakeleyo) kwisicatshulwa nangomtsalane bucala/ukuqalugwebe kwaye anike ezakhe iingcamango nezinye iindlela</li> <li>• xoxa ukuba imeko yentlalo neyenkcubeko ziwu phembelela njai umyalezo</li> </ul>	<p><b><u>Inyathelo 4</u></b></p> <p>Utitshala uyalela abafundi ukuba bahlalutye intengiso.Ubanika iintengiso bazincamathisele ezincwadini zabo.Uyalela abafundi ukuba basebenze ngababini.Ubanika imibuzo malunga nentengiso leyo.</p> <p>Imizekelo yemibuzo anokuyibuza:</p> <p>Yintoni le ithengiswayo kule ntengiso?Wazi njani</p> <p>Uthini umyalezo odluliswa yile ntengiso?</p> <p>Sithini islogeni sale ntengiso</p> <p>Ucinga ukuba le ntengiso ilungiselelwe oobani?</p> <p>Ukhe wayibona phi le ntengiso</p> <p>Ucinga ukuba zintoni ezinokubangela ukuba abathengi bathenge lonto ithengiswayo</p> <p>Uva njani xa ujonge le ntengiso?Nika izizathu zoko</p> <p>Ingaba uyayithanada le ntengiso? Nika izizathu zoko</p>	<p><b><u>Inyathelo 4</u></b></p> <p>Abafundi basebenza ngababini behlalutya intengiso bephendula imibuzo.</p>	<p>IFomu:ukubukela IMethodi:Utitshala nabafundi Izixhobo:Imemorandum</p>
---	--	---	--

<p><b><u>PF 4 Ukubhala</u></b></p> <p><b>GH 1</b> Bhala izicatshulwa ezininzi ezibanzi zentelekelelo ezibhalwayo ngo-</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• kuvakalisa intelekelelo, iingcinga, iingcamango neemvakalelo kuye nakwabanye.</li> <li>• Kuphonononga ukusetyenziswa kolwimi ngokuyilayo, ngokunzulu nangokudlalayo, ngezincoko ezibalisayo nezichazayo, iingxoxo, imihobe, iingoma, amabali amafutshane alula, iileta, iingxoxo, imidlalo ekhatshwa zimpembelelo ezinesandi</li> </ul> <p><b>GH 2</b> Velisa izicatshulwa ezibhalwayo ezininzi ezikhethiweyo ezineengongoma ezinobunyaniso nezakhiwe ngeendlela ezininzi (izicatshulwa ezisebenzisa ushicilelo nemifanekiso) kwiinjongo ezahlukeneyo usebenzisa iimpawu ezibonwayo nezikhethiweyo apho kuyimfuneko ngengxelo zengqina, ngezibhengezo, iintengiso, izigxeko-ncomo, iiresiphi, imiyalelo yokudlala.</p> <p><b>GH 4</b> Sebenzisa inkqubo yokubhala ngoncedo nangentsebenziswano ukuvelisa izicatshulwa ngo-</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• kukhetha nokuphonononga isihloko ngokungqubanisa iintloko, esebenzisa iimaphu zengqondo nezintlu;</li> <li>• kusebenzisa ezinye izicatshulwa njengemizekelo yokubhala;</li> <li>• kuqulunqa nokuvelisa isihloko ngolwazi lomnye umnthombo;</li> <li>• kucwangcisa iingcinga ngokulandelelana ukuvelisa uyilo lokuqala;</li> </ul>	<p><b><u>Inyathelo 5</u></b></p> <p>Utitshala uyalela abafundi ukuba bazohlule ngokwamaqela benze iposta yentengiso. Utitshala uyalela abafundi ukuba baqaphele iimpawu zeentengiso:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Ukusetyenziswa kwemifanekiso</li> <li>• Islogan(ukusetyenziswa kwesingqisho kwemfanozandi, imvano ziphelo</li> <li>• Iprodakti okanye inkonzo</li> <li>• Abantu elungiselelwe bona</li> <li>• Ulwimi olusetyenzisiweyo</li> <li>• Ukusetyenziswa kombala</li> <li>• Ilogo(umphawu olusixelela ukuba ngubani owenze iprodakti</li> <li>• Ukusetyenziswa kwezichazi</li> </ul> <p><b><u>Inyathelo 6</u></b></p> <p>Bathi bakugqiba ukuyila intengiso zabo utitshala abayalele ukuba ezi ntengiso baziguqule zibe ziintengiso zika nomathotholo. Ubayalela ukuba iintengiso zabo zingadluli kumzuzu omnye. Umculo nesandi (sound effect) sivumelekile. Akuvumelekanga umfanekiso kuba le yintengiso kanomathotholo. Amaqela anikezela ngeentengiso zawo phambi kweklasi.</p>	<p><b><u>Inyathelo 5</u></b></p> <p>Abafundi benza iintengiso zabo ngokwamaqela. Bathathela ingqalelo indlela yokuyila intengiso.</p> <p><b><u>Inyathelo 6</u></b></p> <p>Abafundi baguqula iintengiso zabo bezenza ezikanomathotholo. Bayalinganisa benikezela iintengiso zabo.</p>	<p>IFomu: Intengiso IMethodi: Utitshala nabafundi Izixhobo: Irubriki</p> <p>IFomu: Intengiso IMethodi: Utitshala nabafundi Izixhobo: Irubriki</p>
--	---	--	---

<p><b><u>PF 6 Usetyenziso Lolwimi</u></b></p> <p><b>GH 1</b> sebenza ngamagama ngo-</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Kusebenzisa ubuchule obahlukeneyo bokupela amagama angaqhelekanga nokuxoxa ngobuchule obusetyenzisiweyo; -</li> <li>• Kuyila uluhlu lwakhe lopelo nesichazi-magama samagama ngokudibene ngokwekharithulam aze ahlalutye amagama anika ingxaki;</li> <li>• Kusebenzisa isichazii-magama nencwadi eyingqokelela yamagama ngobuchule, ngokuzithemba ukuphanda upelo, imvelaphi nokwandisa kwamagama</li> </ul> <p><b>GH 2</b> sebenza ngezivakalisi ngo:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Kuchonga nokusebenzisa izibizo, izimelabizo, izenzi, izichazi, izihlanganisi, izikhuzo, izifanekisozwi, izihlomelo.</li> </ul>	<p><b><u>Inyathelo 7</u></b></p> <p>Utitshala uyalela abafundi ukuba babhale isigama esitsha abasifundileyo kwizichazi magama zabo.</p> <p><b><u>Inyathelo 8</u></b></p> <p>Utitshala usebenzisa iintengiso ukuhlaziya izichazi .Unika abafundi iintengiso aze abayalele ukuba bakhethe izichazi.</p>	<p><b><u>Inyathelo 7</u></b></p> <p>Abafundi babhala isigama esitsha kwizichazi magama</p> <p><b><u>Inyathelo 8</u></b></p> <p>Abafundi basebenzisa iintengiso ukuhlaziya izichazi.</p>	<p>IFomu:umsebenzi weklasi IMethodi:Utitshala nabafundi Izixhobo:Imemorandum</p>
<p><b>Izixhobo:</b> incwadi zokubhalela, iintengiso,unomathotholo</p>			
<p><b>Sihambe njani isifundo:</b> Utitshala akuba egqibile ukufundisa maka sijonge isifundo eso ukuze enze njengoko kufanelekile</p>			
<p><b>Izithinteli kufunda:</b> Abafundi abangevayo mabasondezwe kunomathotholo, bacaciselwe ngutitshala banikwe ithuba elongezelelweyo, abanentloni ukuthetha eqeleni yiba nomonde ubangcambazise, abangakwazi ukufunda ngokuvakalayo makabakhuthaze utitshala bathethe ngokuvakalayo, abanengxaki zolwimi banikwa izixhobo ezinokuba ncedisa ekusetyenzisweni kolwimi.Abangakwazi ukushwankathela bancediswe.</p>			

IPLANI YESIFUNDO			
ISIXHOSA (ULWIMI LWENKOBÉ) UMONGO:UMDLALO IXESHA: IIVEKI EZI-3		IBANGA LESITHOBA	
UMONGO PF NEE GH	INDIMA KATITSHALA	INDIMA YOMFUNDI	UHLOLO
<p><b>PF 1 Ukumamela</b> GH 1 Mamela nokuhlalutya izicatshulwa zomlomo zentelekelelo, nezinika ulwazi ezinokuntsonkotha okwahlukeneyo, (umz: imidlalo yerediyo, umboniso-ntetho, imihobe edlalwayo, imiboniso bhanya-bhanya, izigxeko-ncomo zencwadi)</p> <p>GH 4 chonga nokutolika ngokufanelekileyo ubuchule ukusetyenziswa kobuchule bokungabikokwelizwi (umz: ukudibana kwamehloi, ulwimi lomzimba, ukusebenzisa isithuba).</p> <p><b>GH 6</b> nakana nokwamkela iintlobo ntlobo zolwimi ezahlukeneyo njengezicinezelo ezahlukeneyo, ulwimi lwezizalwana nokucinga ngolwimi olusetyenziswa ngamaqela abudala obahlukeneyo (kwintetho engekho sesikweni/ engaphucukanga).</p>	<p><b><u>Intshayelelo</u></b> Utitshala ubhala ebhodini umxholo (theme) womdlalo lowo aza kuwufundisa. Ubuza imibuzo kubafundi malunga nalo mxholo ezama ufumana ulwazi lwangaphambili lwabafundi .Oku kukhokelela kwingxoxo yeklasi. Utitshala ubhala isigama esitsha ebhodini esinxulumene nomdlalo.</p> <p><b><u>Inyathelo 1</u></b> Utishala ucacisa kabanzi ngomdlalo malunga nesakhiwo, abalinganiswa nendlela ababunjwe ngayo, umxholo impixano, isimo sentlalo.</p> <p><b><u>Inyathelo 2</u></b> Utitshala ufunda umdlalo aze ayalele ukuba abafundi baphulaphule. Ukuba umdlalo mde usenokucaphula indawana ethile ayifunde. Uyalele ukuba abafundi babhale phantsi ingongoma eziphambili (main points) besebenzisa imephu yengqondo.</p>	<p><b><u>Intshayelelo</u></b> Abafundi baphendula imibuzo bejula izimvo bebonisa ulwazi lwabo malunga nomxholo.</p> <p><b><u>Inyathelo 1</u></b> Abafundi bamamela ngononophelo bethatha amanqaku.</p> <p><b><u>Inyathelo 2</u></b> Abafundi bamamele ze babhale phantsi iingongoma eziphambili besebenzisa imephu yengqondo</p>	<p>IFomu:Ukujulwa kwezimvo IMethodi:Utitshala Izixhobo:Itsheklis</p> <p>IFomu:Ukumamela IMethodi:Utitshala Izixhobo:Itsheklis</p>

<p><b><u>PF 2 Ukuthetha</u></b></p> <p><b>GH 1</b> azisa iingcinga nezimvo ngokuyilayo nangokuzithemba okukwiqondo elithile nangoncedo olunyiniweyo, asebenzise iintlobo zezicatshulwa zomlomo ezikhethiweyo (umz: amabali, imidlalwana, iingoma).</p> <p><b>GH 4</b> bonisa ubuchule bentsebenziswano obusisiseko ngokuthatha inxaxheba ngokukhuthelayo kwiingxoxo zeqela, kwiincoko, kwiintetho-mpikiswano, kuphando lweqela kwaye xa esenza oko: kwaye xa esenza oko:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• ahlasele imibandela ebalulekileyo (</li> <li>• abuze imibuzo efanelekileyo</li> <li>• amkele imisebenzi eyahlukeneyo;</li> <li>• avumele ezinye iingcamango;</li> <li>• acacise ingcamango yakhe;</li> <li>• anike isigxeko-ncomo;</li> <li>• avale izikhewu ngokubuzo imibuzo, ngokunika ukhetho, ngokugcina iimpendulo zingagqitywanga;</li> </ul> <p><b>GH 5</b> azisa ngobuciko obukwiqondo elithile nangokuyilayo, uthathele ingqalelo ngo/kwi/ku-</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• kunqumama;</li> <li>• kwahluka kwisantya namandla;</li> <li>• njongo nabaphulaphuli;</li> <li>• simo nolwimi lomzimba;</li> <li>• mvakalozwi</li> </ul> <p><b>GH 6</b> chonga nokuxoxa iimpawu ezinegalelo kwimpumelelo yonxibelelwano lwakhe.</p>	<p><b><u>Inyathelo 3</u></b></p> <p>Utitshala wohlula abantwana babe ngamaqela. Ubayalela ukuba mahambele ithala leencwadi ukuze bakhethe incwadi yomdlalo ibenye (bangasebenzisa abanazo apha esikolweni Ubayalela ukuba basebenzise ulwazi ebebenikwe ngutitshala malunga nesakhiwo somdlalo babonise amanqanaba amane :</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Isiqalo</li> <li>• Ukujiya kweziganeko</li> <li>• Uvutho-ndaba</li> <li>• Isisombululo</li> </ul> <p><b><u>Inyathelo 4</u></b></p> <p>Utitshala uyalela abafundi ukuba balungiselele ingxoxo malunga nesakhiwo somdlalo. Ilelo iqela linikezela isakhiwo sedrama esilikhethileyo. Ukhuthaza abanye abafundi ukuba babuze imibuzo kwiqela elo linikezelayo neqela elo likulungele ukuphendula imibuzo.</p>	<p><b><u>Inyathelo 3</u></b></p> <p>Abafundi ngokwamaqela bahambela ithala leencwadi ukuze bakhethe iincwadi zomdlalo ukuze babonise amanqanaba omdlalo ukulungiselela ingxoxo zamaqela.</p> <p><b><u>Inyathelo 4</u></b></p> <p>Abafundi bayanikezela bexoxa ngesakhiwo somdlalo.</p>	<p>IFomu: Ingxoxo yamaqela IMethodi: Utitshala Izixhobo: Itsheklisi/irubriki</p>
---	---	--	--

<p><b><u>PF 3 Ukufunda Nokubukela</u></b></p> <p><b>GH 1</b> Funda ngokuqhutywa ngumdlala kwaye ngokuphangaleleyo efundela ulwazi nolonwabo iintlobo ezininzi zezicatshulwa ezifundiweyo, athelekise iimpindulo zakhe, kwaye enze iingcebiso ezikhuthazayo kwabanye.</p> <p><b>GH 2</b> zifundela ngokuvakalayo nangokuthe cwaka efundela iinjongo ezahlukeneyo aze ahlanganise ubuchule bokufunda obufanelekileyo obukhuliswe kumabanga angaphambili).</p> <p><b>GH 5</b> xoxa ngeentlobo ezahlukeneyo zezicatshulwa nokucacisa indlela iimpawu zazo eziphambili ezicwangcise ngayo nezinegalelo ngayo ekusebenzeni kwesicatshulwa (umz: imihobe emide, iinovelu ezimfutshane, amanqaku ephapha-ndaba, iidayari, iileta, izigxeko-ncomo zeencwadi, nemidlalo emifutshane).</p> <p><b>GH 6</b> bonisa ingqiqo yesicatshulwa, injongo yaso, ulwalamano kubomi babo ngokuhlalutya ukukhula kwesakhiwo, imixholo, ukuxabiseka, abalinganiswa nendawo apho ibali lenzeka khona.</p>	<p><u>Inyathelo 5</u></p> <p>Utitshala unika abafundi umdlalo ukulungiselela ukufunda. Uyafunda ngokuvakalayo baze abafundi bamamele ngononophelo beqwalasele kwimidlalo yabo. Baqaphela indlela utitshala afunda ngayo.</p> <p><u>Inyathelo 6</u></p> <p>Utitshala uyalela abafundi ukuba bafunde ngokwamaqela encedisa abo baneengxaki zokufunda ukulungiselela uhlolo.</p> <p><u>Inyathelo 7</u></p> <p>Utitshala wohlula abafundi ngokwamaqela Unika umfundi ngamnye ithuba lokuba aye kulungiselela ukufunda (prepared reading) indinyana yomlinganiswa lowo amkhethileyo.</p> <p><u>Inyathelo 8</u></p> <p>Utitshala uhlola indlela abafundi abafunda ngayo. Ukuqiniseka ukuba bayakulandela abakufundayo ubabuza imibuzo ebhekiselele kumongo womdlalo.</p>	<p><u>Inyathelo 5</u></p> <p>Abafundi bamamela indlela utitshala afunda ngayo.</p> <p><u>Inyathelo 6</u></p> <p>Abafundi bafunda ngokwamaqela bencediswa ngutitshala.</p> <p><u>Inyathelo 7</u></p> <p>Abafundi balungiselela ukufunda.</p> <p><u>Inyathelo 8</u></p> <p>Abafundi bafunda ngokwamaqela baze bandule ukuphendula imibuzo ebhekiselele kumxholo womdlalo.</p>	<p>IFomu :Ukufunda</p> <p>IMethodi :Umfundi</p> <p>Utitshala</p> <p>Izixhobo:Irubriki</p> <p>IFomu:Ukufunda</p> <p>Imethodi:Utitshala</p> <p>umfundi</p> <p>Izixhobo :Irubriki</p>
---	--	---	--



<p><b><u>PF 4 Ukubhala</u></b></p> <p><b>GH 11</b> bhala izicatshulwa ezininzi ezibanzi zentelekelelo ngo-</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Kuvakalisa intelekelelo, iingcinga, iingcamango neemvakalelo ngaye nakwabanye.</li> <li>• Kuphonononga ukusetyenziswa kolwimi ngokuyilayo, ngokunzulu nangokudlalayo, ngezingcoko ezibalisayo nezichazayo, iingxoxo, imhobe, iingoma, amabali amafutshane alula, iileta, imidlalo ekhatshwa zimpembelelo ezinesandi nezibonwayo.</li> </ul> <p><b>GH 3</b> bonisa ubuchule obukumgangatho ophezulu kwiimpawu ezininzi zokubhala ezifanelekileyo kuhlobo lwesicatshulwa</p> <p><b>GH 4</b> Sebenzisa inqubo yokubhala ngokuzimela nangokukhululekileyo ukuvelisa izicatshulwa ezintsonkothileyo ngo-</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• kukhetha nokuphonononga isihloko esintsonkothileyo ngokungqubanisa iintloko, esebenzisa izintlu namanqaku;</li> <li>• kusebenzisa izicatshulwa ezinokuntsonkotha okukhulayo njengemizekelo;</li> <li>• kuqulunqa nokuphuhlisa isihloko, ukukhetha ulwazi olusemholweni kwimithombo emininzi;</li> <li>• kuhlaziya iiyilo ezininzi ecinga nge njongo, ngabaphula-phuli, ngengcamango, nokubeka umfundi, ngokusetyenziswa kolwimi, ngomtsalane bucala, nocwangciso oluntsonkothileyo neempawu ezilula kuhlaziya ubhalo lwakhe nolwabalingane, avavanye aze anike iingcebiso</li> </ul>	<p><b><u>Inyathelo 9</u></b></p> <p>Utitshala uncedisa abafundi ebafundisa ubhalo lomdlalo (play script) okanye incoko yababini. Ubayalela ukuba baziyele umdlalo ngokwamaqela bethathela ingqalelo isakhiwo umxholo, abalinganiswa, umyalezo abafuna ukuwudlulisa eluntwini. Utitshala ubabonisa ukubhalwa komdlalo. Ukuba yintetho yababini utitshala ubanika imeko bume yentetho leyo (scenario). Umz: Ufika ekhaya emva kwentsimbi yokuqala ekuseni. Umama wakho ukuvulela emnyango. Yenza incoko phakathi kwakho nomama wakho.</p> <p><b><u>Inyathelo 10</u></b></p> <p>Ubayalela ukuba balandele imigaqo yokubhala ngokuthi babhale uyilo lokuqala ukuze kulungiswe iziphene ngutitshala eziphathelele kulwimi, uhlobo lokubhala, upelo phambi kokuba babhale uyilo lokugqibela.</p> <p><b><u>Inyathelo 11</u></b></p> <p>Utitshala uyalela abantwana ukuba balinganise umdlalo besebenzisa imidlalo abayibhalileyo/okanye incoko yabantu ababini. Banganxiba isinxibo esilungele umdlalo balungise nezixhobo abaza kuzisebenzisa</p>	<p><b><u>Inyathelo 9</u></b></p> <p>Abafundi basebenza ngokwamaqela babhala umdlalo/incoko yabantu ababini.</p> <p><b><u>Inyathelo 10</u></b></p> <p>Abafundi babhala uyilo lokuqala ze kulungiswe iziphene. Babhala uyilo lokugqibela akubona utitshala ukuba bakulungele oko.</p> <p><b><u>Inyathelo 11</u></b></p> <p>Abafundi balungiselela umdlalo/incoko yabantu ababini</p>	<p>IFomu: Ukubhala</p> <p>Imethodi: Utitshala umfundi</p> <p>Izixhobo : Itsheklisti</p> <p>IFomu: Ukulinganisa</p> <p>Imethodi: Utitshala umfundi</p> <p>Izixhobo : Irubriki</p>
---	---	--	--

<p><b><u>PF 5 Ukucinga Nokucinga</u></b></p> <p><b>GH 1</b> sebenzisa ulwimi ekucingeni nasekuqineni ngo-kuthelekelela nokukhupha intsingiselo aze acacise iinjongo zombhali ngokutolika izicatshulwa ezibhaliweyo, ezibonwayo, nezivakalayo ngokuhlangene nekharityhulamu;</p> <p><b><u>PF 6 Usetyenziso Lolwimi</u></b></p> <p><b>GH 1</b> Sebenza ngamagama ngo-</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Kuyila uluhlu lwakhe lopelo nesichazi-magama samagama ngokuhlangene nekharityhulamu aze ahlalutye amagama anika ingxaki;</li> <li>• Kusebenzisa isichazi-magama nencwadi eyinqokelela ya magama ngobuchule, ngokuzithemba ukuphanda upelo, imvelephi nokwandiswa kwamagama</li> </ul> <p><b>GH 2</b> sebenza ngezivakalisi ngo:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• kuchonga nokusebenzisa izibizo, izimelabizo, izenzi, izichazi, izihlanganisi,</li> </ul>	<p>QAPHELA UKUBA ESI SIPHUMO SESIFUNDO SESIHLANU SISEBENZA KUYO YONKE IMISEBENZI KUBA USEBENZISA UKUCINGA XA SIBHALA, SITHETHA ,SIMAMELE NAXA SIFUNDA</p> <p><b><u>Inyathelo 12</u></b></p> <p>Utithshala uyalela abafundi ukuba babhale onke amagama amatsha (avela kwimibongo) kunye neentsingiselo zawo kwizichazi magama zabo. Ubayalela ukuba bawasebenzise la magama kwizivakalisi.</p> <p><b><u>Inyathelo 13</u></b></p> <p>Utithshala kunye nabafundi bahlaziya iziphumlisi, iintlobo zezenzi, izibizo, izimelabizo esebenzisa umdlalo.</p>	<p><b><u>Inyathelo 12</u></b></p> <p>Abafundi babahala onke amagama amatsha nentsingiselo zawo kwizichazi magama. Bawasebenzisa la magama kwizivakalisi</p> <p><b><u>Inyathelo 13</u></b></p> <p>Abafundi bahlaziya iziphumlisi ,izibizo nezimelabizo kunye nentlobo zezenzi</p>	<p>Ifomu:Umsebenzi weklasi</p> <p>Imethodi:Utithshala umfundi</p> <p>Izixhobo :Irubriki</p>
<p><b>Izixhobo:</b> incwadi zokubhalela, iincwadi zomdlalo</p>			
<p><b>Sihambe njani isifundo:</b> Utithshala akuba egqibile ukufundisa maka sijonge isifundo eso ukuze enze njengoko kufanelekile</p>			
<p><b>Izithinteli kufunda:</b> Abafundi abangevayo mabasondezwe kunomathotholo, bacaciselwe ngutithshala banikwe ithuba elongezelelweyo, abanentloni ukuthetha eqeleni yiba nomonde ubangcambazise, abangakwazi ukufunda ngokuvakalayo makabakhuthaze utithshala bathethe ngokuvakalayo, abanengxaki zolwimi banikwa izixhobo ezinokuba ncedisa ekusetyenzisweni kolwimi. Abangakwazi ukushwankathela bancediswe.</p>			